12. Bonisa abafundi indlela yokulahlula eli gama libe ngamalungu baze babize izandi zegama.



Handwriting

30 min

1. Khumbuza abafundi ukuba kule veki, iklassi ithathe isigqibo ngemithetho emitsha yeklassi.
2. Fundela abafundi imithetho yeklassi.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakukhetha owona mthetho bawuthandayo.
 - Abafundi mabazobe umfanekiso ocacisa lo mthetho.
 - Abafundi mabawubhale lo mthetho.
 - Abafundi mababhale izivakalisi ezibini ngendlela ABAZOKUWUTHOBELA ngayo lo mthetho.
4. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzoba intsingiselo yomthetho ebhodini.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukufakela iilebhuli kumfanekiso womthetho.
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubhaa IZIVAKALISI EZIBINI ngendlela othobela ngayo lo mthetho.
7. Nika abafundi imizuzu eli 15 bazobe babhale IZIVAKALISI EZIBINI zabo.
8. Cacisa ukuba abafundi BAFANELE UKUBHALA NGALO LONKE IXESHA ABALINIKIWEYO.
9. Ukuba abafundi bagqibile, bangongeza kwimizobo yabo bafakele nezinye izivakalisi!
10. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
11. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
12. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
13. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.



Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi ebhodini:

Bafundi Endibathandayo,

Molweni! Namhlanje kungumhla (UMHLA). UGugu noBonga bahleli kwaye baphulaphule kutitshala ebafundela ngokuvakalayo. UBonga ufuna ukuthetha noGugu. UGugu ufuna ukumamela ibali. Kufuneka enze ntoni?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Buza abafundi: Sifanele ukuqala ngantoni isivakalisi ngasinye?
3. Khomba ikoma. Buza: Yintoni le?
4. Khomba isingxi. Buza: Yintoni le?
5. Khomba uphawu lwesikhuzo. Buza: Yintoni le?
6. Khomba uphawu lombuzo. Buza: Yintoni le?
7. Biza umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA ELIDE ngesangqa.
8. Cela umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA

ELIFUTSHANE ngesangqa.

9. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWÉ.
10. Biza AMAQELA AWOHLUKENEYO afunde umyalezo.
11. Buza abafundi: Kufuneka athini?
12. Phulaphula iimpendulo zabafundi.



Read Aloud

1. Buza abafundi: yintoni ekufuneka siyenze xa ilixesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Namhlanje, xoxa ngento onokuyenza ukuba umntu UYAKUTHETHISA ngexesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala.
4. Ukuba umntu uthetha nawe, xeleta abafundi ukuba kufuneka basebeze: "Ungandixelela ngelinye ixesha!"
5. Yalela abafundi baziqhelanise nokusebeza "Ungandixelela ngelinye ixesha!"
6. Khetha ibali elilula.
7. Ngexesha lebali buza abafundi imibuzo efana nale: Ingaba ucinga ukuba uzakuluphumelela uvavanyo? **FUNDISA ABAFUNDI IMINWE PHEZULU / IMINWE PHANTSI.**
8. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Yeyiphi eyona nto oyithandileyo eyenzeke ebalini?
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baze baxebele ummelwane ngeyona ndawo abayithandileyo ebalini.

WEEK 3



The more that you read, the more things you will know.
The more that you learn, the more places you'll go.

Dr Seuss



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **bh**

10 min

Phonic Words

ibhabhathane ibhoma ibhanti ibhokhwe ibhekile



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **bh**

30 min

Handwriting Words

ibhanti ibhanana bhalani ibhola umbhobho

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Abafundi bafunda ukubhala ibhola nebhanana ezincwadini zabo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

njengokuba ngethamsanqa nokuzimisela
sabalimeleyo



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **bh**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 19, 45, 49, 91



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuqala / ukuyila ezabo izichazi magama

Izixhobo ezizakusetyenziswa:

- Iincwadi zabafundi neepensile.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo azinanto.

Ukuzilungiselela:

1. Abafundi bazakusebenzisa amaphepha ama 5 xa besenza izichazi magama zabo.
2. Abafundi bazakwenza izichazi magama ngasemva kweencwadi zabo zokubhala.
3. Phawula apho abafundi bafanele ukuqala khona xa bebhala izichazi magama zabo, ungasonga ikona yephepha okanye ungabhala "ISICHAZI MAGAMA" kwelo phepha abafundi bafanele ukuqala kulo.
4. Bhala iphepha/ikasi lokuqala lesichazi magama ebhodini.

Isichazi-magama	
Aa	Ff
Bb	Gg
Cc	Hh
Dd	Ii
Ee	Jj

Intshayelelo:

- Namhlanje sizakwenza / sizakuyila isichazi magama.
- Isichazi magama yindawo apho sifaka khona amagama amatsha.
- Izichazi magama zethu zizakusinceda sikhumbule amagama amatsha nabalulekileyo esiwafundayo.
- Isichazi magama sinesithuba sonobumba ngamnye.

Ukuyilwa / ukwenziwa kwesichazi magama:

1. Yalela abafundi ukuba batyhile incwadi yabo kwiphepha obaphawulele lona.
2. Abafundi bafanele ukubhala "ISICHAZI MAGAMA" phezulu ephepheni ukuba awukayenzi loo nto.
3. Emva koko, abafundi mabashiye isithuba sonobumba ngamnye
4. Yalela abafundi ukuba bakhuphele oonobumba ukusuka A-J kwiincwadi zabo ngohlobo owenze ngalo ebhodini.
5. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala unobumba u Aa, baze batsibe imigca emi 4 phambi kokubhala

- unobumba olandelayo.
6. Bafanele ukubhala unobumba u Bb.
 7. Emva koko abafundi bafanele ukutsiba imigca emine elandelayo phambi kokubhala unobumba olandelayo.
 8. Bhala ukusuka kunobumba u-Aa-Jj
 9. Nika abafundi imizuzu emi 3 okanye emi 4 yokubhala oonobumba u Aa-Jj.
 10. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha elilandelayo.
 11. Cima oonobumba Aa-Jj
 12. Xelela abafundi ukuba ngoku baza kuqala ngonobumba u-Kk. Bafanele ukubhala unobumba u Kk baze batsibe imigca emi 4 phambi kokubhala unobumba olandelayo.
 13. Emva koko bafanele ukubhala unobumba u- Ll
 14. Abafundi bafanele ukutsiba eminye imigca emine kwiincwadi zabo phambi kokubhala unobumba olandelayo.
 15. Yenza ngolu hlobo ukusuka ku Kk-Tt
 16. Nika abafundi imizuzu emi 3 okanye 4 okubhala oonobumba Kk-Tt

Isichazi-magama	
Kk	Pp
Ll	Qq
Mm	Rr
Nn	Ss
Oo	Tt

17. Yalela abafundi ukuba batyhile kwelinye iphepha.
18. Cima oonobumba u Kk-Tt.
19. Xelela abafundi ukuba ngoku baza kuqala ngonobumba u-Uu. Bafanele ukubhala u- Uu emva koko babale imigca emi 3 phambi kokubhala unobumba olandelayo.
20. Okulandelayo abafundi bafanele ukutsiba imigca emi 3 ezincwadini zabo phambi kokubhala unobumba olandelayo.
21. Yenza ngolu hlobo ukusuka ku-Uu-Zz
22. Nika abafundi imizuzu emi 3 okanye emi 4 okubhala oo-nobumba u- Uu-Zz
23. Qokelela iincwadi zabafundi.
24. Qinisekisa ukuba bonke oonobumba babhalwe ngokuchanekileyo kwiincwadi zabafundi phambi kwangoLwesine.

Isichazi-magama	
Uu	Xx
Vv	Yy
Ww	Zz

Ukumaka:

1. Nika abafundi indlela ingxelo eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ukushiya Izithuba	Umfundi akatsibanga imigca emine phakathi koonobumba. Umfundi usebenzise indawo encinane ephepheni.	0	Umfundi utsibe imigca emihlanu phakathi koonobumba. Umfundi usebenzise iphepha lonke njengokuba eyalelwe.	1		
Oonobumba (Lwesibini)	Umfundi ufumana ubunzima xa ebhala oonobumba.	1	Umfundi ubhale oonobumba abaliqela ngokulandelelana kwabo,Unokulibala okanye axube oonobumba abancinane nabakhulu.	2	Umfundi ubhale bonke oonobumba, abancinane nabakhulu ngokulandelelana kwabo.	3
Amagama (Lwesine)	Umfundi akabhalanga magama okanye uwabhale nje ephepheni.	1	Amagama abekwe ngaphantsi konobumba ochanekileyo kodwa akhutshelwe ngokungafanelekan- ga, OKANYE amag- ama akhutshelwe kakuhle kodwa abekwe ngaphantsi konobum-ba ongenguwo.	2	Amagama abekwe ngaphantsi kwonobumba ochanekileyo. Amagama akhutshelwe ngokuchanekileyo.	3
Inkcazelo	Umfundi akabhalanga nkcazelo OKANYE inkcazelo yakhe ayivakali.	1	Umfundi unike inkcazelo elula okanye umfanekiso ukukhumbula igama.	2	Umfundi ubhale waze wazoba inkcazelo yegama ezakumnceda akhumbule intsingiselo yegama.	3



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ndibuyele esikolweni

Page: 2-3



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ng**

10 min

Phonic Words

ing'ang'ane ingongoma uBongani umongameli
ingubo



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ng**

15 min

Handwriting Words

ngubani ingubo nguwe ngengoma

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Ngubani igama lakho?



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ndibuyele esikolweni

Page: 2-3



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **mb**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Iphepha: 11.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufakela igama kwizichazi magama zabo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Iincwadi neepensile zabafundi.

Ukuzilungiselela:

- Bhala amagama akho amathathu ebhodini.
- Zoba iphepha lesichazi magama ebhodini.
- Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule nganyameko.
- Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto engafunekiyo phezu kweedesika.
- Qinisekisa ukuba abafundi baneencwadi neepensile zabo.

Umfuziselo:

Yithi:

- NgoLwesibini, senze izichazi magama zethu.
- Namhlanje sizakufunda indlela yokufakela amagama kwizichazi magama zethu.
- Izichazi magama zethu zizakusinceda sikhumbule amagama abalulekileyo.
- Izichazi magama zethu zizakuba zizixhobo ezitsha esinokuzisebenzisa sibengababhali abangcono.

Yithi:

- Namhlanje sizakufakela la magama kwizichazi magama zethu silungiselele isifundo sethu sokubhala

sangoLwesibini:

- Eladlulayo / elidlulileyo : into yenzeke kudala
 - Elangoku: into eyenzeka ngoku
 - Elizayo: into eza kwenzeka
 - Ixesha: indlela esibhala ngayo xa sibonisa ukuba into yenzeke nini na.
 - Xa sifakela igama kwisichazi magama, sijonga UNOBUMBA WOKUQALA wegama.
 - Masijonge igama “eladlulayo.”
3. Buza abafundi: Liqala ngomphi unobumba igama “eladlulayo” ?
 4. Abafundi bazakuphendula bathi: ‘e’.
 5. Yithi:
 - Ewe, u “eladlulayo” uqala ngo ‘e’.
 - Loo nto ithetha ukuba sizakubhala u “eladlulayo” kwisithuba esinamagama aqala ngo ‘Ee’.
 - Kufuneka sikhangele indawo apho sibhale khona u ‘Ee’ kwizichazi magama zethu.
 6. Yalela abafundi ukuba bavule izichazi magama zabo baze bafumane unobumba u ‘Ee’.
 7. Yalela abafundi ukuba bakhombe unobumba ezincwadini zabo xa bemfumene.
 8. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
 9. Xelela abafundi ukuba bafanele ukufakela igama “eladlulayo” ngaphantsi konobumba u ‘Ee,’ :

Isichazi-magama	
Kk	Pp
Ll	Qq
Mm	Rr
Nn	Ss
Oo	Tt

10. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukufakela inkcazelo ukuze bakhumbule intsingiselo yegama.
11. Sebenzisa UMFUZISELO xa uphinda phinda amanyathelo
- 4- 9 ngamanye amagama amabini owakhethileyo.
12. Xelela abafundi ukuba bangafakela nemifanekiso emincinane xa befuna ukukhumbula intsingiselo yegama.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

USUKU LWEMIDLALO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Kwenzeka ntoni xa ilusuku lwemidlalo?
(Abantwana bakhuphisana kugqatso / Abantu bavuyisana neembaleki / abazali bapheka ukutya)
2. Unjani umbala wezikipa ezinxitywe ngabantwana?
(ubomvu, uluhlaza, umthubi, uzuba)
3. Kutheni abantwana benxibe izikipa eziyimibala eyahlukeneyo? (Kaloku zibonisa iqela abakulo.)
4. Ingaba olu suku lukhangeleka njengosuku olumyoli? Nika isizathu xa uthe ewe okanye hayi?
(Nayiphi na impendulo efanelekileyo)
5. Kutheni kukho inkwenkwe engxoweni? Ucinga ukuba yenza ntoni? (Ithabatha inxaxheba kugqatso lwengxowa, apho abantwana batsibatsiba engxoweni.)

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuthetha ngamava abanawo umzekelo bathetha ngeendaba zabo.

IZIPHUMO ZOKUFUNDA:

- Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:
- Ukwabelana ngamava osuku lwemidlalo, bedibanisa iimvakalelo nezimvo zabo.

- Ukwabelana ngamava ngokulandelelana kwawo.
- Ukufunda baze baziqhelanise nezakhono zokuthetha ezifanelekileyo.
- Ukuphulaphula koogxa babo besabelana ngamava abo.

IZIXHOBO EZIFUNEKAYO:

- Intetho elungisiweyo ngamava katitshala ngoSuku Lwemidlalo.

INKCAZELO NGOMSEBENZI:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko
2. Ukuba abafundi bahleli ezitafileni, qinisekisa ukuba akukho nto.
3. Qiniseka ukuba abafundi bayabona ngaphambili.
4. Njengatitshala, kufuneka wenze umfuziselo ekufuneka abafundi bawenze.
5. Xelela abafundi ukuba baxele indatyana ngoSuku Lwemidlalo.
6. Cacisela abafundi ukuba bazakubalisa ngezinto ezenziwa ngoSuku Lwemidlalo, kodwa bazakwabelana ngezimvo zabo zosuku Lwemidlalo. Loo nto ithetha ukuba bazakuthetha ngezinto abazithandayo nabangazithandiyo ngosuku Lwemidlalo.
7. Buza abafundi le mibuzo ilandelayo:
 - a. Xa ndibuza ukuba yintoni oyithandayo nongayithandiyo ngento, ingaba ikhona impendulo echanekileyo nengachanekanga? (Hayi – siyakwazi ukuzithanda okanye singazithandi izinto ezahlukeneyo.)
 - b. Ingaba ufanele ukuba neentloni xa uthetha ngento oyithandayo okanye ongayithandiyo? (Hayi, sinamalungelo okunika izimvo neengcinga zethu.)
 - c. Ingaba ikhona into esingavumelekanga ukuyithetha? (Sukuthetha ngabantu – asifuni kukhathaza bantu neemvakalelo zabo.)
8. Xelela abafundi ukuba bafakele la manqaku alandelayo.
 - a. Izinto esizenza ngosuku Lwemidlalo.
 - b. Izinto endizithandayo ngosuku Lwemidlalo.
 - c. Izinto endingazithandiyo ngosuku Lwemidlalo.

QAPHELA: Ukuba isikolo sakho asinalo usuku Lwemidlalo, abafundi bangathetha ngomdlalo webhola ekhatywayo okanye ibhola yentenetya nawuphi na umdlalo odlalwa esikolweni.

9. Bonisa abafundi indlela efanelekileyo enje ngale ilandelayo:
Ngosuku Lwemidlalo, siphuma phandle sibukele imidyarho eyahlukeneyo. Ndiyaluthanda uSuku Lwemidlalo kuba wonke umntu uyonwaba. Ibalithuba lokuba sibephandle sikhwaze, sikhuthaze amaqela ethu. Ndiye ndingathandi xa abantu behleka abantwana abangakwaziyo ukubaleka.
10. Xelela abafundi ukuba bavale amehlo abo baze bacinge ngosuku Lwemidlalo. Mabacinge ngento abazakuthetha ngayo.
11. Nika abafundi malunga nomzuzu wokucinga uze ubayalele ukuba bavule amehlo abo.
12. Cacisela abafundi ukuba kwizifundo zokuphulaphula nokuthetha ezithathu ezilandelayo uzakuphulaphula kubo bonke abafundi bekubalisela ngosuku Lwemidlalo.
13. Khumbuza abafundi ukuba xa ilithuba labo lokuthetha, bafanele ukwenza oku kulandelayo:
 - a. Bathethe ngokucacileyo nangokuvakalayo
 - b. Bazame ukuma bengagungqi
 - c. Basebenzise imvakalelo nembonakalo kumazwi abo, ukuze bavakale benika umdla
 - d. Mabangaphindi into abayithethileyo – thetha ngenqaku elinye ngexesha
 - e. Bathethe ngokulandelelana okuchanekileyo:
 - Into eyenzekayo ngosuku Lwemidlalo.

WEEK 3 THURSDAY

- Into oyithandayo ngosuku lwemidlalo.
 - Into ongayithandiyo ngosuku lwemidlalo.
14. Cacisela abafundi ukuba kubalulekile ukuba bahlale bazole baze baphulaphule ngenyameko xa kukho umntu othethayo.

Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Phawula / Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuthetha.	Umfundi akavakali kwaye ugungqa kakhulu.	1	Umfundi uyavakala kwaye uzolile ixesha elininzi.	2	Umfundi uthetha cacileyo, ngokuvakalayo kwaye ubonakalisa imvakalelo. Umfundi uma angagungqi.	3
Umsebenzi: Yabelana ngamava nezimvo zoSuku Lwemidlalo	Umfundi akalandelelanisanga umsebenzi kwaye akagqibanga omathathu amacandelo alo msebenzi.	1-2	Umfundi ugqibe umsebenzi ngokulandelelana kwawo kwaye ugqibe omathathu amacandelo alo msebenzi.	3-4	Umfundi wenze umsebenzi ngokulandelelana kwawo kwaye ugqibe omathathu amacandelo alo msebenzi. Izimvo zabafundi zezabo kwaye zinika umdla.	5-6
Izakhono zokuphulaphula			Umfundi uyangxola okanye uphazamisa abanye xa bethetha.	0	Umfundi uthule ixesha elininzi, unengqwalasela kwaye uzolile xa abanye abafundi bethetha.	1

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **bh, ng**

20 min

Spelling Test	Date:
1. ibhabhathane	6. ing'ang'ane
2. ibhoma	7. ingongoma
3. ibhanti	8. uBongani
4. ibhokhwe	9. umongameli
5. ibhekile	10. ingubo

Dictation Sentence

UBongani ubone amabhabhathane neng'ang'ane ebhabha ecaleni kwebhotwe lekumkani.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 11,12,13, 17



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ndibuyele esikolweni

Page: 2-3

COMPREHENSION:

Questions

Leliphi ibanga abalenzayo ngoku?

Ingaba bayakuvuyela okanye bayoyika ukufunda ibanga lesithathu?

Ngubani igama likatitshalakazi weli banga?

Ngubani ohamba ngesitulo sabalimeleyo?

Kutheni kukho umyalezo omkhulu eludongeni?

Answers

Benza ibanga lesithathu ngoku.

Bayavuya.

Ngutitshalakazi uDlamini.

NguLona ohamba ngesitulo sabalimeleyo.

Ukuze bakhumbule ngalo lonke ixesha ukuba bagcine iklasi icocekile.

WEEK 4

Week Four ΜΕΓΑΛΗ ΕΡΓΙΑ

Teach with passion, commitment and kindness, and you will change lives.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **hlw**

10 min

Phonic Words

ukohlwaya ihlwempu ngokuhlwa kuhlwile
isihlwele,



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 1

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **hlw**

30 min

Handwriting Words

yohlwaya ngokuhlwa uHlumela wohlwaywe ngokuhlwa

Handwriting Pattern:

ch ch ch

Handwriting DBE Activities:

Umalume wohlwaye ihlwempu ngesihlangu esilahleke
ngokuhlwa lahlawula ngemali yalo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 2

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

namhlanje lokuzalwa ubenamakhandlela
ekhalendeni



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **hlw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuba yinxalenye ngezimvo namagama kubhalo lwebali leklasi
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokufanelekileyo
- Ukuphulaphula kwizimvo zabanye abafundi

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta: Usuku Lwemidlalo
- Itshati yebali

Ukuzilungiselela:

1. Beka / Xhoma ipowusta apho izakubonwa khona ngabo bonke abafundi.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweetafile.

Umfuziselo

1. Xelela abafundi: Namhlanje sizakuphulaphula size siyile ibali ngepowusta.
2. Cacisa ukuba namhlanje, ibali lethu lizakusebenzisa amaxesha amathathu: eladlulayo, elangoku nelizayo.
3. Buza abafundi: Ingaba uyazikhumbula iintsingiselo zala magama?
4. Abafundi mabaphendule.
5. Nika ingcaciso yexesha ngalinye.
6. Khomba kumlinganiswa osengxoweni.
7. Yithi: Lo nguBen. Namhlanje kwibali lam, nizakuva

ngento eyenzeka kuBen, into eyenzekayo kuBen nento ezakwenzeka kuBen. Nizakuva izivakalisi ezibini ngexesha ngalinye.

8. Fundela iklassi ibali lepowusta ngotyibiliko:

UBen wachola ingxowa emhlabeni. UBen wacinga ukuba kwakuzakuba mnandi kakhulu ukutsiba engxoweni.

UBen utsiba kwingxowa jikelele. Uhleka kakhulu.

UBen uzakutsiba ade adinwe. Emva koko uzakulala engceni aphumle.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Xelesa abafundi: sigqiba kufunda ibali ngoBen. Ngoku sizakuyila ibali sisonke ngento enika umdla kwipowusta.
2. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukuphakamisa isandla xa befuna ukuthetha.
3. Buza abafundi: Yeyiphi eyona nto eyonwabisayo oyibonayo kwipowusta?
4. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.
5. Xa ninonke nabafundi, khetha into eninokubhala ngayo. Umzekelo: Amantombazana amabini ahlekayo.
6. Cela abafundi bakunike amagama ala mantombazana, anje ngala: uAmanda nolthabeleng.
7. Sebenzisa IMINWE PHEZULU IMINWE PHANTSI xa ufuna abafundi bavotele la magama.
8. Cela abafundi bacinge ngento eyenzekayo phambi kokuba amantombazana ahleke.
9. Khumbuza abafundi ukuba eli lixesha ELADLULAYO kuba seyenzenekile.
10. Vumela abafundi abohlukeneyo bathethe ngeengcinga zabo.
11. Thatha isigqibo ngezivakalisi ozakuzisebenzisa. Umzekelo: "UAmanda waxelela ulthabeleng imfihlo ehlekisayo. Ulthabeleng wahleka."
12. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
13. Sebenzisa UMFUZISELO / INDLELA YOKUBONISA ABAFUNDI xa ubabonisa indlela yokubhala kwixesha eladlulayo.
14. Funda izivakalisi ngokuvakalayo.
15. Buza abafundi: Ingaba kwenzeka ntoni ngoku?
16. Vumela abafundi abohlukeneyo bathethe ngezimvo zabo.
17. Sebenzisa IMINWE PHEZULU IMINWE PHANTSI xa abafundi bevotela iimbono abazithande kakhulu.
18. Khumbuza abafundi ukuba eli LIXESHA LANGOKU kuba iyenzeka ngoku.
19. Thatha isigqibo kwizivakalisi ezimbini ezilandelayo. Umzekelo: "UAmanda no lthabeleng bayahleka."

Babona uBen engxoweni kwaye bahleka kakhulu. ”
Yitsho esi sivakalisi ngokuvakalayo.

20. Xa uthathe isigqibo ngezivakalisi, sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala izivakalisi kwixesha langoku.
21. Buza abafundi: Emva koko, kuza kwenzeka ntoni?
22. Khumbuza abafundi ukuba elo LIXESHA ELIZAYO kuba yinto eza kwenzeka.
23. Vumela abafundi abohlukeneyo babenegalelo.
24. Sebenzisa IMINWE PHEZULU NEMINWE PHANTSI xa uvumela abafundi baxeke iingcinga abazithande kakhulu.
25. Thatha isigqibo kwizivakalisi zokugqibela: Umzekelo: “Ulthabeleng noAmanda bazakubona uBen esiwa engxoweni. Bazakuyeka ukuhleka.” Biza izivakalisi ngokuvakalayo.
26. Xa uthathe isigqibo ngezivakalisi, sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala izivakalisi kwixesha elizayo.
27. Xa ugqibile, fundani ibali lonke xa ninonke.
28. Khumbuza abafundi ukuba ABAFUNDI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
29. Ncoma abafundi ngokuyila / ukuqala ibali.
30. Beka / xhoma ibali eligqityiweyo kwikona yeencwadi.

Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo
Umsebenzi: Ukuba negalelo kwiimbono nezimvo zebali	Umfundi akazami nokuzama ukuba negalelo ngeembono nezimvo.	Umfundi uyazama ukuba negalelo ngeembono nezimvo . Izimvo ayizozakhe kwaye azifanelekanga.	Umfundi uthatha inxaxheba kwisifundo kwaye unegalelo ngezimvo zakhe. Izimvo zezakhe kwaye zifanelekile.
Izikhono zokuphulaphula	Umfundi uthanda ukungxola xa abanye abafundi bethetha.	Umfundi wenza ingxolo ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	Umfundi uzolile ixesha elininzi, uphulaphula ngenyameko kwaye uzolile xa abanye bethetha.

Example

UAmanda waxelela ultha eleng
imfihlo ehlekisayo. Ulthabeleng
wahleka. U Amanda no
lthabeleng bayahleka. Babona
uBen engxoweni bage wahleka
kakhulu. Ulthabeleng noAmanda
baga kubona uBen esina
engxoweni. Bagakuzeka
ukuhleka.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ngumhla wokuzalwa kukatitshala.

Page: 6-7

WEEK 4 WEDNESDAY



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **hlw**

10 min

Phonic Words

isihlangu ukohlula ihlwili hlawula hluma



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice


Letter **hlw**

15 min

Handwriting Words

kuhlwile ihlwempu

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Uhlomla udlale kwade kwahlwa.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ngumhla wokuzalwa kukatitshala.

Page: 6-7



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **hlw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukusebenzisa ixesha eladlulayo, elangoku nelizayo ngokuchanekileyo.
- Ukukhetha isihloko abazakubhala ngaso.
- Ukuzoba umfanekiso baze babhale izivakalisi ukubonakalisa ukuqonda ibali.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta: Usuku Lwemidlalo.
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni.
- Ibali leklasi langoLwesibini.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuphulaphula kwibali elibhalwe yiklasi yonke ngoLwesibini.
2. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko kwibali elo.
3. Cacisela abafundi ukuba bafanele ukukhetha indawo / inqaku elinye abalithande kakhulu ebalini.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala isivakalisi esinye kwixesha eladlulayo, elangoku nelizayo malunga neyona ndawo abayithandileyo ebalini.
5. Funda ibali elibhalwe yiklasi ngokuvakalayo eklasini.

Umfuziselo:

1. Yithi: Kufuneka ndichonge eyona ndawo endiyithandayo ebalini phambi kokuba ndibhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
2. Khetha isivakalisi sibe sinnye ebalini, esinje ngesi: “UAManda waxelela ulthabeleng imfihlo endlebeni yakhe”
3. Yithi: Ndizakubhala ngemfihlo.
4. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba umfanekiso ngokukhawuleza.
5. Yithi: Kufuneka ndibhale isivakalisi sibe sinnye kwixesha eladlulayo, isivakalisi esinye kwixesha langoku nesivakalisi esinye kwixesha elizayo.
6. Ndiza kubhala: UAManda waxelela ulthabeleng imfihlo ehlekisayo. Ngoku ulthabeleng uyahleka. Uzakuhleka ixesha elide.
7. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi esinye kwixesha ngalinye.

Imiyalelo Ye -Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Xelela abafundi ukuba bacinge ngombhalo abazakuwubhala, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Cela amavolontiya ama 2-3 bathethe ngento abazakubhala ngayo.
4. Yalela abafundi ukuba baqale ukubhala.
5. Xa abafundi bebhala, hamba hamba eklasini uze wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Njengokuba uhamba hamba eklasini nje, KHUTHAZA ABABHALI.
7. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example



UAmanda waxelela ulthabeleng
imfihlo endleveni yakhe.

UAmanda waxelela ulthabeleng
into ehlekisayo.

Ngoku ulthabeleng uyahleka.

Uzakuyeka emva kowuzuzo
omnye.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster vocabulary

USUKU LWEMIDLALO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Entanjeni
2. Ibhodi yamanqaku
3. Umntyontyeli / Umkhuthazi wabadlali
4. Ibhodi ntengiso / Ibhanile
5. Ifaskoti

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **hlw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. ukohlwaya	6. isihlangu
2. ihlwempu	7. ukohlula
3. ngokuhlwa	8. ihlwili
4. kuhlwile	9. hlawula
5. isihlwele	10. hluma

Dictation Sentence

Umalume wohlwaye ihlwempu ngesihlangu esilahleke ngokuhlwa lahlawula ngemali yalo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 19, 23 phezulu,
24,25



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ngumhla wokuzalwa kukatitshala.

Page: 6-7

COMPREHENSION:

Questions

Lusuku lokuzalwa lukabani namhlanje?

Chaza konke okubona kulo mfanekiso.

Sisipho esinjani esi siphewe utitshala?

Ngubani oza kuba netheko lomhla wokuzalwa ngeyoKwindla?

Lunini olwakho usuku lokuzalwa?

Answers

Lusuku lokuzalwa lukatitshala namhlanje.

Abafundi abalithoba omnye wabo uhamba ngesitulo sabalimeleyo, ikeyiki katitshala enamakhandlela, kukho nezinja ezimbini.

Sisipho sedada elihleli etyeni.

NguAnn.

Umfundi ngamnye uzakubhala usuku lwakhe lokuzalwa.

Do the best you can
until you know better.
Then when you know
better, do better.

[illegible]

Week

[illegible]



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ngx**

10 min

Phonic Words

ingxolo ingxelo ingxowa ingxabano ingxoxo



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ngx**

30 min

Handwriting Words

ingxabano umngxuma ingxowa

Handwriting Pattern:

ea ea ea

Handwriting DBE Activities:

Uxabene naye xa efihla ingxowa emngxunyeni.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

besiseklasini besimangele amathandathu ethwele



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ngx**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuthetha nomlingane / nogxa wabo xa beqala ukuceba imibhalo yabo.
- Ukubuza imibuzo ezakunceda icacise umsebenzi wokubhala.
- Ukuchaza isehlo / isiganeko.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala le ngcaciso ebhodini:
Isehlo: Sisiganeko esingamnandanga nesingalindelekanga
4. Bhala le mibuzo ilandelayo ebhodini:
Isihloko: Ngexesha enda....
a. Ngubani owayebandakanyeka kwesi sehlo?
b. Senzeka phi isehlo?
c. Senzeka nini isehlo?
d. Kwenzeka ntoni?
e. Kwakutheni ukuze esi sehlo senzeke?

Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakubhala umhlathi ngesiganeko wsibahleleyo.

2. Cacisa ukuba isehlo sisiganeko esingekho mnandi nesingalindelekanga.
3. Cacisela abafundi ukuba bafanele ukubhala ngento eyenzeke kubo kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
4. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukucinga ngesehlo kuqala kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Cacisela abafundi ukuba bazakuxoxa ngesehlo noogxa babo.
6. Khomba kwimibuzo esebhodini. Yifunde imibuzo leyo.
7. Cacisela abafundi ukuba BAZAKUJIKA BATHETHE nogxa /nomlingane wabo. Umlingane ngamnye uzakufumana ithuba lokubuzo imibuzo nelokuphendula imibuzo.
8. Cela umfundi omnye aze ngaphambili eklasini. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela YOKUJIKA UTHETHE xa uphendula le mibuzo.
9. Cacisa ukuba emva kokuxoxa nomlingane, abafundi bazakubhala ISIHLOKO sesehlo sabo nempendulo yabo kumbuzo ngamnye.
10. Sebenzisa UMFUZISELO ubonise abafundi indlela efanelekileyo yokubhala isihloko, esinje ngesi: Ngexesha Endachitha Ngalo Ikofu Yam.
11. Sebenzisa UMFUZISELO ubonise abafundi indlela efanelekileyo yokubhala impendulo yombuzo ngamnye.
12. Qinisekisa ukuba UKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
13. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala kwixesha eladlulayo, kuba babhala ngento edlulileyo.
14. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala iimpendulo zemibuzo yonke balungiselele ukubhala umhlathi wangoLwesine.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Cacisela abafundi ukuba bafanele ukuthatha isigqibo ngesehlo abanqwenela ukubhala ngaso.
2. Yithi: Namhlanje uzakuCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cela abafundi bacimele, bacinge baze bathathe isigqibo ngoluhlu abazakubhala ngalo.
4. Cela abafundi aba 2-3 bathethe ngesigqibo abasithathileyo eklasini.
5. Yalela abafundi ukuba BAJIKE BATHETHE.

Okubhalwayo:

1. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala isihloko neempendulo zombuzo ngamnye.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha lokuqala

elingabhalwanga ezincwadini zabo.

4. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi babhale iimpendulo zemibuzo ebhodini.
7. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IZIXHOBHO baze BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
8. Ngexesha lodliwano ndlebe cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
9. Yalela abafundi abagqibe kwangethuba ukuba bafakele iinkcukacha okanye bongeze izivakalisi kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
10. Xa uhamba hamba eklasini, KHUTHAZA ABABHALI.
11. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Umsebenzi: Unegalelo kwizimvo	Umfundi aka-khethanga isehlo,OKANYE isehlo asenzekanga kuye.	0	Umfundi ukhethe isehlo esenzeke kuye wabhala ngaso.	1		
Ukuceba nomlingane	Umfundi akajiki athethe OKANYE umfundi akathathi ngqalelo xa kusenziwa ukujika no-kuthetha.	1	Umfundi uyaji-ka athethe nogxa wakhe. Umfundi uxoxa ngesehlo nogxa wakhe. Umfundi uyaphendula aze abuze imibuzo embalwa.	2	Umfundi ujika athethe nomlingane ngesehlo. Umfundi ubuza imibuzo aze aphulaphule kugxa wakhe. Umfundi uthetha ngeempendulo zemibuzo yonke nogxa wakhe.	3
Ukubhala iimpendulo zemibuzo	Umfundi akazibhali iimpendulo zemibuzo esebhodini.	1	Umfundi ubhala isihloko nempendulo evakalyo kumbuzo ngamnye obhalwe ebhodini.	2	Umfundi ubhala isihloko nempendulo efanelekileyo kumbuzo ngamnye obhalwe ebhodini. Iimpendulo ziphelele zonke kwaye zineenkukacha.	
Usebenzisa ubuchule	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.	1	Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala.	2	Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezibonakalisa ubuchule.Umfundi ubonisa ubuchule nokuzicingela eyedwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi.	3

Example

Isihloko: Ngexesha endachitha ngalo
ikofu

Ngubani onayebandakanyeka kwesi
sehlo?
Mna nenja yam.

Senzeka phi isehlo?
Egumbini lokuphekela.

Senzeka nini isehlo?
Ekuseni ngoMgqibelo.

Kwenzeka ntoni?
Ndabhubeka kwinja yam. Ikofo
yachitheka phezu kwayo.

Kuakutheni ukuba kwenzeka esi sehlo?
Andizange ndayiboneinja yam.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4
15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Impala yesikolon iyatsha

Page: 18



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ngxw**

10 min

Phonic Words

ingxaki ingxubakaxaka ingxingwa umngxuma
emngxunyen



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ngxw**

15 min

Handwriting Words

ingxwelerha ingxwabangxwaba

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

UThandi ufuna ingxelo yeengxwelerha zengozi eyenzekileyo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Impahla yesikolo iyatsha

Page: 18



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ngxw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi omnye onezivakalisi ezisibhozo ubuncinane
- Ukuchaza isehlo

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi zokubhala ezinomsebenzi wangoLwesibini neekhrayoni

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwetafile.
3. Bhala le ngcaciso ebhodini:

Isehlo: Sisiganeko esihngamnandanga nesingalindelekanga

4. Bhala lo msebenzi ulandelayo ebhodini

Isihloko: Ngexesha enda....	Isihloko
a. Ngubani owayebandakanyeka kwesi sehlo?	Izivakalisi eziyintloko / ezingundoqo
b. Senzeka phi isehlo?	6 yezivakalisi ezixhasayo.
c. Senzeka nini isehlo?	Izivakalisi eziqoshelisayo.
d. Kwenzeka ntoni?	
e. Kwakutheni ukuze esi sehlo senzeke?	

Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali baza kubhala umhlathi ngeshlo esenzeke kubo.
2. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi liqela lezivakalisi ezinondoqo omnye.
3. Khumbuza abafundi ukuba isehlo sisiganeko esingamndanga nesingaqhelekanga.
4. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakujika iimpendulo zemibuzo yabo yangoLwesibini zibe ngumhlathi.
5. Xelela abafundi ukuba bafanele ukuqala umhlathi ngeSIVAKALISI ESIYINTLOKO.
6. Xelela abafundi ukuba isivakalisi esiyintloko sicacisa umongo womhlathi.
7. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokushwankathela isehlo sibe sisivakalisi esiyintloko, umzekelo: Kwiveki ephelileyo, ndichithele ihempe yam ngekofu!
8. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
9. Cacisela abafundi ukuba bazakusebenzisa iimpendulo zangoLwesibini njengezivakalisi ezixhasayo.
10. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokwenza oku ngesivakalisi esinye.
11. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
12. Cacisela abafundi ukuba isivakalisi esiqoshelisayo sigqibezela umhlathi wethu.
13. Cacisela abafundi ukuba bangabhala ngeemvakalelo zabo malunga neshlo eso kwisivakalisi esiqoshelisayo.
14. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi esiqoshelisayo, ngolu hlobo: Ndandicaphuke kakhulu ngosuku endachitha ngalo ikofu.
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

Bhala / Okubhalwayo:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile kumsebenzi abawubhale ngoLwesibini.
3. Cacisa ukuba ababhali bafanele ukuqala ngokuhlaziya iimpendulo zabo zibe ngumhlathi kwiphepha elilandelayo.
4. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Khumbuza abafundi ukuba BASEBENZISE IZIXHOBO baze BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.

7. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane yalela abafundi ukuba BAKUFUNDELE UMSEBENZI ABAWUBHALILEYO.
8. Yalela abafundi abagqibe kuqala bafakele iinkcukacha okanye bongeze izivakalisi kwimibhalo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
9. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.
10. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example

Ngexsha endichithe ngalo ikofa
yam.

ephelileyo
Kwiveki ~~ephelileyo~~ ndichithe ikofu
indawo yonke. Belonabele usuku
nam! Ebuseni ngoNgqibelo,
ndenge ikofu. Bendikwizumbi
lobuphekela. Ndigalele ikofu yam
ekomityini. Emva kokâ, ndihambe
ndaya etableni. Andibhange
ndijihoneinja yam. Ndiqhubeke
kwinja yam! Ikofu ichitheke phezu
kwayo. Bendikhathekile
ngomhla endichithe ngalo ikofu
yam. Bendilumpe kakhulu
ngosuku olulandelayo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

USUKU LWEMIDLALO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo ezilindelekileyo)

1. Kutheni aba bantwana babini bebotshwe imilenze nje? Ucinga ukuba baza kwenza ntoni? (Bazakuthatha inxaxheba kugqatso lwemilenze emithathu, apho bafanele ukubaleka bonke.)
2. Kutheni emnye kuphela nje umntwana onenombolo? Kutheni bengenombolo bobabini nje? (Kaloku babaleka njengomntu omnye, bafanele ukuba nenombolo enye.)
3. Jonga aba bantwana bame eqongeni ententeni. Ucinga ukuba bamele ntoni pha? (Baphumelele ugqatso, bame eqongeni ukuze bafumane amawonga / izipho zabo.)
4. Ucinga ukuba laa nkwenkwana inxibe isikipa esimthubi ililela ntoni? Jonga phambi kwakhe uzokufumana uncedo ngempendulo yakho. (Kukho iqanda elophukileyo, ebebaleka kugqatso lweqanda necephe laze iqanda lakhe lophuka.)
5. Ukuba ubufanele ukuyila ugqatso oluhlekisayo / olonwabisayo losuku lomdlalo, lungayintoni ugqatso lwakho? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Uphulaphula kundoqo webali kwakunye neenkukacha zebali. Uphendula imibuzo embaxa.

Iziphumo zesifundo:

- Ukuphulaphula ibali ngokubanzi.
- Ukuchonga undoqo webali.
- Ukuphendula imibuzo ngeenkukacha zebali.
- Ukuphendula imibuzo embaxa malunga nebali.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibali elilungisiweyo.

I -orali:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qiniseka ukuba akunanto phambi kwabo.
3. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli kakuhle kwaye bayabona phambi kwabo.
4. Xelela ukuba abafundi ukuba uzakubabalisela ibali.
5. Abafundi mabaphulaphule ibali ngocoselelo kuba uza kubabuza imibuzo neenkukacha ngalo.

UThembi ufunda isifundo

UThembi wayechwayitile kuba yayilusuku lwemidlalo. Wayeluthanda olu suku. Wayesoloko eyiphumelela imigqatso, wayethanda xa abanye abantwana bekhwaza igama lakhe besithi Thembi! Thembi! Thembi! Wajonga uPortia wathi kuye 'Ndiza kuphumelela!' UPortia wamjonga wathi mhlawumbi ungaphumelela, mhlawumbi ungaphumeleli, ukuphumelela akuyiyo eyona nto ibalulekileyo.'

UThembi wamhleka uPortia. UPortia wayengenakuyiqonda le nto ayithethayo kuba wayengakwazi ukubaleka kakhulu njengoThembi lo.

UThembi wavuya kakhulu kwakufika ixesha lakhe lokubaleka. Wema kumgca wokuqala ugqatso wajonga abanye abantwana. Wazixelela ukuba uzakubashiya lula.

Inqununu yalugqala ugqatso ngokuthi wonke umntu emigceni, alunge, phambili!! UThembi wabaleka kakhulu wade akabona nelitye elalisendleni phambi kwakhe. Wakhubeka wawa phantsi ngobuso. Xa ephakamisa amehlo ejonga phezulu wabona ukuba bonke abantwana awayebaleka nabo babesebegqibile.

UThembi wabuyela kwiqela lakhe. Wayekhathazeke kakhulu umzimba ubuhlungu.

Wazibona ubudenge kuba engaphumelelanga. Zange akwazi nokuzibamba iinyembezi.

Umlobo wakhe uPortia weza wahlala ecaleni kwakhe. UPortia wamanga wampha nephepha lokosula iinyembezi. UPortia wamjonga uThembi wathi 'Owu Thembi, ndivelana nawe ngokungaphumeleli kwakho, bendinqwenela kuphumelele wena.'

UThembi wancuma wathi 'Portia ulungile, kwaye ubunyanisile ukuphumelela kodwa akubalulekanga. Kubalulekile ukuba nobuntu ngaphezu kokuphumelela!'

6. Yiba nengxoxo encinane ngebali.
7. Cela abafundi bazobe umfanekiso malunga neyona nto abacinga ibalulekile ngeli bali.
8. Chazela yabafundi ukuba kwizifundo ezi-3 ezilandelayo zokuPhulaphula Nokuthetha. uza kubabiza abuze imibuzo ngebali.
9. Xa ubiza abafundi uza kubabuza imibuzo, qinisekisa ukuba abanye abafundi banomsebenzi obhalwayo abaza kuwenza.
10. Biza umfundi abemnye ngexesha ubuze le mibuzo ilandelayo:

Undoqo webali

Ucinga ukuba undoqo/ umongo webali yintoni? (Umntu akasoloko efumana akufunayo/ akulindeleyo)

linkcukacha zebali

- a. Ngubani igama lomhlobo ka Thembi? (nguPortia)
- b. Yintoni eyenziwe nguPortia ukuzama ukuthuthuzela uThembi? (Wamanga wamnika nephepha lokosula iinyembezi.)
- c. Wakhubeka phi uThembi? (UThembi wakhubeka elityeni.)

Imibuzo embaxa/ ekwinqanaba eliphezulu

- Isihloko seli bali sithi 'UThembi ufunda isifundo'. Ucinga ukuba esi sihloko sifanelekile? Ngoba?
 - (Umfundi unika eyakhe impendulo.)
 - Yintoni afana ngayo okanye ahlukile ngayo uThembi kuwe? (Umfundi unika eyakhe impendulo.)
 - Ucinga ukuba UThembi wayeziva njani ngeli xesha abuyela kwiqela lakhe? Kutheni ucinga njalo? (Iimpendulo ezilindelekileyo: uzive ehlazekile, edidekile, ezisizela kakhulu kuba wayengaphumelelanga ugqatso.)
11. Cacisela abafundi ukuba kubalulekile ukuba basebenze bethe cwaka kwaye bangakuphazamisi xa umamele kumfundi ngamnye.

Ukumaka:

- Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
- Phawula / Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Undoqo webali: umbuzo wokuqala	Umfundi akachonganga ngokuchanekileyo undoqo webali.	1	Umfundi uwuchonga ngokuchanekileyo undoqo webali, kodwa uye wasokola ukuthetha ngawo.	2-3	Umfundi uchonge undoqo webali ngokuchanekileyo, waze wathetha ngawo ngokuzithemba nangotyibiliko.	4
linkcukacha zebali: imibuzo 1 - 3	Umfundi uphendule imibuzo engaphantsi kwesibini ngokuchanekileyo.	1	Umfundi uphendule imibuzo emi 2 ngokuchanekileyo.	2	Umfundi uphendule imibuzo emi 3 ngokuchanekileyo.	3
Imibuzo ekwinqanaba ba eliphezulu/ embaxa: imibuzo 1 - 3	Umfundi uphendule imibuzo engaphantsi kwesibini ngokuchanekileyo.	1	Umfundi uphendule imibuzo emi 2 ngokuchanekileyo.	2	Umfundi uphendule imibuzo emi 3 ngokuchanekileyo.	3

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ngx, ngxw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. ingxolo	6. ingxaki
2. ingxelo	7. ingxubakaxaka
3. ingxowa	8. ingxingwa
4. ingxabano	9. ingxwaba-ngxwaba
5. ingxoxo	10. emngxunyeneni

Dictation Sentence

Ingxaki yakhe yingxolo eyenziwe kwingxoxo emva kwengxabano phakathi kwabahlobo bakhe.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 28,29,31



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Impahla yesikolo iyatsha

Page: 18

COMPREHENSION:

Questions

Yintoni ebinuka kule klasi?

Yintoni eyayisitsha?.

Ikhona inombolo yabacimi mlilo, yibhale phantsi.

Chaza abacimi mlilo abafika esikolweni salo mfundi.

Ucinga ukuba kutheni utitshalakazi Dlamini esithi abafundi mabame ngomgca phantsi komthi?

Answers

Ngumsi.

Indlu yeempahla zesikolo yayisitsha.

10177

Babebathandathu, babebophe amabhanti amakhulu efake nemibhobho emlonyeni.

Wayefuna ukubala abafundi, aqinisekise ukuba akukho mfundi ulahlekileyo(nayiphi na impendulo echanekileyo yabafundi).

WEEK 6

**WE
EK**

6

If you really want to do something, you'll find a way. If you don't, you'll find an excuse.

Jim Rohn



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ty**

10 min

Phonic Words

yitya ityala ityobokile tyabeka tyala



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ty**

30 min

Handwriting Words

ityala ityuwa tyibilika tyabeka

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Lumka ungatyibiliki xa utyala kumhlaba omanzi.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

besiseklasini asibonanga iintyatyambo
ongangekhilomitha



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ty**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 31,45



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufunda umsebenzi abawubhalileyo.
- Ukusebenzisa ixesha eladlulayo ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa izingxi, iimpawu zombuzo, iikoma kwakunye neempawu zokhuzo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- Incwadi zabafundi ezinemibhalo yangoLwesibini neependile.
- Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (lingathathwa kwiincwadi zabafundi).

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala umhlathi wakho ebhodini. ZAMA UBENEEMPAZAMO EZI 4-5 KWEZI ZIVAKALISI.
4. Bhala uluhlu loqinisekiso / itshekhlisti ebhodini:

ITSHEKHLISTI YOKUHLELA UGXA / UMLINGANE

Igama:

Ingaba ugxa / umlingane wam:

1. Uqale isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu na?
2. Ugqibezele isivakalisi ngesingxi, uphawu lombuzo okanye uphawu lokhuzo?
3. Ubhale kwixesha eladlulayo na?

Imiyalelo Ye-Orali:

- Phendula lo mbuzo ulandelayo?
- Yintoni enye oyithandayo ngalo mhlathi?
- Yintoni enye ocinga ukuba ingangcono?

Umfuziselo:

1. Cacisela abafundi ukuba namhlanje, abafundi bazaKUHLELA ABALINGANE / OOGXA BABO.
2. Khumbuza abafundi ukuba xa sihlela abalingane, sifunda umbhalo womlingane wethu sibancede ngeempazamo zabo.
3. Cela abafundi bakuncede ukhangele iimpazamo obuzibhale kumsebenzi wakho.
4. Biza abafundi abafumana iimpazamo ebhodini.
5. Yalela abafundi ukuba bazobe isangqa kwimpazamo abayifumeneyo.
6. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokugcwalisa ITSHEKHLISTI YOKUHLELA ABALINGANE.

Imiyalelo ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lakho lokuHLELA UMSEBENZI WOMLINGANE / WOGXA WAKHO.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi batyhile kumsebenzi abawubhale ngoLwesibini.
4. Yalela abafundi BATSHINTSHISANE NGEENCWADI nommelwane wabo.
5. Yalela abafundi bakhuphele itshekhlisti yokuhlela abalingane kwincwadi yomlingane.
6. Cacisela abafundi ukuba bangaphakamisa izandla zabo xa befuna iincwadi zabo zibuyiselwe kubo.
7. Cacisela abafundi ukuba bafanele UKUFUNDA UMBHALO WOMLINGANE WABO.
8. Cacisa ukuba xa abafundi begqibe kuqala ukubhala, bafanele UKUFUNDA IMIBHALO YABO baqinisekise ukuba iimpazamo zifunyenwe.

Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo
2. Xelela abafundi ukuba baqale ukuhlela.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi xa begcwalisa itshekhlisti yokuhlela oogxa babo.
5. Ngexa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi bakubonise iimpazamo abazilungisileyo.
6. Khumbuza abafundi abagqibe kuqala ukuba BAFUNDE IMIBHALO YABO baqinisekise ukuba zonke iimpazamo

zifumanekile.

7. Khumbuza abafundi abagqibe kuqala ukuba bangazifakela iinkcukacha, kuba ABABHALI ABABHALA KAKUHLE BATHANDA UKUFAKELA IINKCUKACHA.

Irubhrikhi yale veki izakufumaneka NGOLWESINE.

Example

Ngexsha endichithe ngalo ikofu
yam.

Hwiveki ephelileyo ndichithe ikofu
indawo yonke. Belonabele usuku
Gum! Ekuseni ngoMgaibelo,
ndenge ikofu. Bendikwizumbi
lobuphekela. Ndigalele ikofu yam
ekomityini. Emva koku ndihambe
ndaya etafileni. Andibhange
ndijihoneinja yam. Ndiakubeka
kwinja yam! Ikofu ichitheke phezu
kwayo. Bendikhathekile
ngomhla endichithe ngalo ikofu
yam. Bendikumpe kakulu
ngosuku olulandelayo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Undwendwe olungaqhelekanga esikolweni sethu

Page: 30



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **tyw**

10 min

Phonic Words

ityuwa uTyobeka tyibilika tyabeka ityebile



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **tyw**

15 min

Handwriting Words

tywa tywina ukutya isitya

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

USisa utya ukutya kwisitya esityobokileyo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Undwendwe olungaqhelekanga esikolweni sethu

Page: 30



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **tyw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala baze bazobe izivakalisi ezisibhozo malunga nesihloko xa benika igalelo kwincwadi yethala leencwadi zeklasi.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- Iincwadi zabafundi ezinemibhalo yangoLwesibini, iipensile neekhrayoni.
- Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala ezi zikhokelo zezivakalisi zilandelayo ebhodini:
4. Izivakalisi zakho zesifundo sangoLwesibini, zibhalwe ebhodini, nezilungiso.
5. Le freyimu yokubhala ilandelayo, ibhalwe ebhodini:

Isihloko Ngu (IGAMA LAKHO)

Umhlathi wakho: Izivakalisi ezingundoqo Izivakalisi ezixhasayo (6) Izivakalisi eziqoshelisayo

UMFANEKISO WESEHLO

Umfuziselo:

1. Khumbuza abafundi ukuba, kwiveki ephelileyo, sihlele imibhalo yethu.
2. Cacisa ukuba namhlanje, umfundi ngamnye uzakwenza ucwecwe lwencwadi yeklasini ngeziganeko / ngezehlo.
3. Cacisela abafundi ukuba xa sibhala incwadi, kufuneka SIPAPASHE umsebenzi wethu kuba abanye abantu bazakuwufunda.
4. Bonisa abafundi iphepha elihamba lodwa.
5. Cacisa ukuba abafundi bafanele UKUPAPASHA imibhalo yabo kwiphepha elihamba lodwa.
6. Namhlanje xa abafundi BEPAPASHA, bazakubhala izivakalisi kwakhona, ngaphandle kweempazamo.
7. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukuzoba umsebenzi wabo baze babhale igama labo kuwo.
8. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela YOKUPAPASHA umsebenzi wabo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu LOKUPAPASHA umsebenzi wenu.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba batyhile kumsebenzi wabo wangoLwesine neTSHEKHLISTI YOKUHLELA ABALINGANE.
4. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA.
5. Yalela abafundi ukuba baqale UKUPAPASHA.
6. Khumbuza abafundi balungise iimpazamo zabo xa BEPAPASHA.
7. Khumbuza abafundi bazobe baze babhale amagama abo nesihloko emaphepheni abo.

Okubhalwayo:


1. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
2. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi balungise iimpazamo zabo.
3. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO yabo.
4. Yalela abafundi abagqiba kuqala bafakele iinkcukacha kuba ABABHALI ABABHALA KAKUHLE BAFAKELA IINKCUKACHA.
5. Xa uhamba hamba eklasini, KHUTHAZA ABABHALI.
6. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi namaphepha. Yila / yenza incwadi yeklasini.
7. Yenza incwadi ngokwenza imingxunya emaphepheni uze uthungele umtya emingxunyeni leyo. Okanye, sebenzisa ifayile uze ufake onke amaphepha kuyo.
8. Beka incwadi apho izakubonwa lula ngabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo
Ukufakela isihloko	Umfundi akafakeli isihloko ephepheni. 0	Umfundi ufakela isihloko ephepheni. 1	
Ukubhala izivakalisi ezisibhozo ubuncinane	Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezisixhenxe. 1	Umfundi ubhale izivakalisi ezisi 8 ubuncinane. 2	Umfundi ubhale izivakalisi ezisi 9 ubuncinane. 3
Ukupapasha umsebenzi njengephepha lencwadi	Umfundi akazobanga kwiphepha lakhe. Umfundi wenze iimpazamo ezingaphezulu kwesibini koonobumba abakhulu, izingxi neekoma. 1	Umfundi uzobile kwiphepha lakhe. Umfundi wenze iimpazamo enye okanye ezimbini koonobumba abakhulu, izingxi neekoma. 2	Umfundi uzobe imifanekiso ephepheni lakhe wafakela neenkukacha. Umfundi ulungise iimpazamo zoonobumba abakhulu, izingxi neekoma. 3
Usebenzisa ubuchule	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi. 1	Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala. 2	Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonisa ubuchule nokuzicingela eyedwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi. 3

Example



Ixesha endichithe ngalo ikofu yam

Kwiveki enhleleyo, ndichithe ikofu
indawo yonke. Belonakele usuku
Gum! Ekuseni ngoMgqibelo,
ndenze ikofu. Bendikwigumbi
lokunthekeba. Ndigalele ikofu yam
ekomityini. Emva koko, ndihambile
ndaya elabeni. Andikhangela
ndisiboneinja yam. Ndiphubeke
kwinja yam! Ikofu ichitheke phezu
kwayo. Bendikhathekele
ngomhla endichithe ngalo ikofu
yam. Bendikumbe bakulu
ngosuku olukandelayo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster vocabulary

USUKU LWEMIDLALO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Indebe
2. Iqonga
3. Ibhodi enespeliti sokubamba.
4. Isandi sisandi
5. Ababukeli

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ty, tyw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. yitya	6. ityuwa
2. ityala	7. uTyobeka
3. ityobokile	8. tyibilika
4. tyabeka	9. tyabeka
5. tyala	10. ityebile

Dictation Sentence

UTyobeka woyika ukutyibilika xa etyabeka naxa etywina kuba angophuka.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 38,39,42,45



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Undwendwe olungaqhelekanga esikolweni sethu

Page: 30

COMPREHENSION:

Questions

Bebesenza ntoni aba bafundi eklasini namhlanje?

Biza enye yezinto ezityiwe yibhokhwe.

Ingene njani le bhokhwe esikolweni?

Ucinga ukuba kutheni itye ezi zinto le bhokhwe?

Ileqwe ngubani le bhokhwe?

Answers

Bebesebenza, befunda kwaye bebhala.

Ithathe ukutya kukaBongi, ikrazule incwadi kaBonile, itye neentyatyambo zikatitshala.

Ingene kwisikroba esisecingweni.

Ibilambile. (Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Ileqwe nguSipoti

WEEK 7



I facilitate thinking. I engage minds. I listen
to questions. I encourage risk. I support
struggle. I cultivate dreams. I learn everyday.
I teach.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ncw**

10 min

Phonic Words

incwadi ncwina imuncwana umuncwana
iyamuncwa



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ncw**

30 min

Handwriting Words

incwadi imuncwana iyamuncwa ncwina

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

UNcumisa unencwadi yamabali amnandi.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

namhlanje usityhala ezincwadini simfumanele



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ncw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE

Iphepha: 23



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuba negalelo ngeembono nezimvo namagama xa kubhalwa notitshala.
- Ukusebenzisa ukuvumelana kwentloko nesenzi / isivumelanisi sentloko ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula kwizimvo zabanye abafundi.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta: Iziko eligcina izilwanyana zasendle.
- Itshati.
- Iphepha elingabhalwanga lomfundi ngamnye (bangathatha iphepha kwiincwadi zabo zokubhala xa kunyanzelekile).
- Iphetshana elibhalwe 'i' kwicala elinye kwakunye no 'zi' kwelinye icala.

Ukuzilungiselela:

1. Xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
4. La magama alandelayo abhalwe ebhodini:
i-
zi-

Umfuziselo:

1. Xelesa abafundi: Namhlanje sizakuyila ibali ngepowusta.

2. Cacisa ukuba namhlanje, sizakucinga ngesivumelanisi sentloko nesenzi.
3. Cacisa ukuba intloko ngumntu / into isivakalisi esithetha ngayo.
4. Cacisa ukuba isenzi sithetha ngesenzo sentloko.
5. Xelela abafundi ukuba namhlanje, uzakufuna abafundi bakuncede uthathe isigqibo ngesenzi esivumelana nentloko kwisivakalisi.
6. Bonisa abafundi iphepha elibhalwe 'i' kwicala elinye no'zi' obhalwe kwelinye icala.
7. Yalela abafundi ukuba bathathe iphepha. Baza kubhala 'i' kwicala elinye baze babhale 'zi' kwelinye icala.
8. Khomba ingonyama kwipowusta.
9. Yithi: Ingonyama ZI-lele phantsi. Ingonyama I-lele phantsi."
10. Bonisa abafundi ukuba bakhethe 'i' okanye 'zi.'
11. Buza abafundi yeyiphi echanekileyo: I okanye ZI?
12. Sebenzisa IMINWE PHEZULU IMINWE PHANTSI xa ufumana iimpendulo zabafundi.
13. Bonisa abafundi indlela yokuphakamisa iphepha phezulu xa bebonisa impendulo echanekileyo.
14. Xoxa ngempendulo nabafundi. Qinisekisa ukuba bayayiqonda ukuba sisebenzisa u -I kwisinye (ingonyama enye), no ZI kwisininzi (iingonyama ezininzi)

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO okanye AMAPHEPHA ANGABHALWANGA
2. Yalela abafundi babhale 'i' kwicala elinye lephepha baze babhale 'zi' kwelinye icala lephepha.
3. Buza abafundi: Yeyiphi eyona nto enika umdla oyibonayo kwipowusta?
4. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.
5. Nabafundi, khethani into eninokubhala ngayo. Umzekelo: abantu abakhwele inqwelo yesafari.
6. Buza abafundi yeyiphi echanekileyo: Abantu U kwinqwelo yesafari. Abantu BA kwinqwelo yesafari.
7. Yalela abafundi ukuba basebenzise amaphepha abo xa bebonisa isivumelanisi sentloko phakathi kwentloko nesibizo.
8. Yithi: Abantu BA kwinqwelo yesafari.
9. Bonisa abafundi indlela yokubhala esi sivakalisi besebenzisa UMFUZELO.
10. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
11. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa isivumelanisi sentloko nesenzi kwisivakalisi.
12. Funda isivakalisi ngokuvakalayo.
13. Buza abafundi: Lenza ntoni iqwarha? Enza ntoni amaqwarha?

14. Yalela abafundi basebenzise amaphepha abo xa bebonisa isivumelanisi sentloko esichanekileyo.
15. Yithi: Kukho amaqwarha amaninzi, sithi, “Enza ntoni amaqwarha?”
16. Cela abafundi bathethe ngento abacinga ukuba yenziwa ngamaqwarha.
17. Sebenzisa IMINWE PHEZULU IMINWE/PHANTSI xa abafundi bevote impendulo abayithanda kakhulu.
18. Thatha isigqibo ngesivakalisi esilandelayo. Umzekelo: “Amaqwarha abaleka ingonyama.”
19. Yalela abafundi basebenzise amaphepha abo xa bebonisa isivumelanisi sentloko nesenzi.
20. Yithi: Amaqwarha Abaleka iingonyama.
21. Bonisa abafundi indlela efanelekileyo yokubhala izivakalisi usebenzise UMFUZELO.
22. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
23. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa isivumelanisi sentloko kwisivakalisi.
24. Funda isivakalisi ngokuvakalayo.
25. PHINDA LE NKQUBO kwizivakalisi ezi 2-3 nangaphezulu.
26. Xa nigqibile, fundani ibali xa ninonke.
27. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAWUFUNDA UMSEBENZI ABAWUBHALILEYO.
28. Ncoma abafundi ngokuyila eli bali.
29. Beka / xhoma ibali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

Ukumaka:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO okanye ikopi yomsebenzi wokuhlola ongezantsi.
2. Yalela abafundi ukuba bakhuphele umsebenzi wokuhlola kwiincwadi zabo xa ubhala ebhodini.
3. Sebenzisa umsebenzi wokuhlola olandelayo xa uhlola abafundi kumsebenzi wesivumelanisi sentloko.
4. Umbuzo ngamnye uzakuba nenqaku elinye. Sebenzisa amanqaku asixhenxe xa uphawula lo msebenzi.
5. Bhala / rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.

Biyela ngesangqa impendulo echanekileyo:

- | | |
|----------------|----------|
| 1. Bona | u / ba |
| 2. Yena | u / ba |
| 3. Thina | ndi / si |
| 4. UNomsa | u / ba |
| 5. Mna | ndi / si |
| 6. Wena | u / ni |
| 7. Amakhwenkwe | i / a |
| 8. UMnu. uPaul | u/ ba |
| 9. Umhlobo wam | u / ba |
| 10. Ubhuti wam | u / ba |

Example

Abantu bajonge amagwarha
neehagu zasendle. Amagwarha
abaleka iingonyama. Iingonyama
zilandile.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Usuku lweLayibrari

Page: 22



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ndw**

10 min

Phonic Words

undwendwe undwebile ukundweba indwe
indwangu



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ndw**

15 min

Handwriting Words

ukundweba undwendwele undwendwe indwe

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

UNdileka undwendwele uMandisa.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Usuku lweLayibrari

Page: 22



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ndw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE

Iphepha: 75



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukukhetha isihloko abazakubhala ngaso.
- Ukuba negalelo lezimvo namagama xa bebhala beyiklasi.
- Ukwakha eyabo ibhanki yamagama nesichazi magama sabo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta: Iziko eligcina izilwanyana zasendle.
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni.
- Lo msebenzi ulandelayo, ubhalwe ebhodini:

Izilwanyana (Izibizo) - Amagama achazayo(Izichazi) - Izenzo (Izenzi)

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika.

Ingxoxo ye-Orali

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuxulusha amagama abazakuwafuna xa bebhala ngepowusta.
2. Buza abafundi ukuba zeziphi na izilwanyana abazibona kwip-owusta.
3. Nika abafundi ithuba lokuphendula.
4. Bhala zonke izilwanyana ezibizwa ngabafundi, phantsi

kwesihloko: Izilwanyana (Izibizo)

5. Khomba zonke izilwanyana ezingabizwanga ngabafundi.
6. Bhala ezi ebhodini.
7. Buza abafundi ngamagama abazakuwafuna xa bechaza indlela ezi zilwanyana zikhangeleka ngayo.
8. Yalela abafundi bacinge ngombala, uhlobo evakala ngayo esandleni, ubungakanani, neemilo zezilwanyana.
9. Mabaphendule abafundi.
10. Bhala onke amagama abizwa ngabafundi, phantsi kwesihloko: Amagama achazayo (Izichazi)
11. Fakela isigama esinika umdla umzekelo: inemigca, yeyasendle, inobubele, iyoyikisa, inkulu, idiniwe kwaye ilambile.
12. Chaza ukuba la magama athetha ukuthini na.
13. Cela abafundi bachaze amanyathelo / izinto ezenziwa zizilwanyana kwipowusta.
14. Mabaphendule abafundi.
15. Bhala phantsi onke amagama abizwa ngabafundi, phantsi kwesihloko: Izenzo (Izenzi)
16. Fakela isigama esinje ngesi: ukuphumla, ukuyekelela, ukuleqa, ukubaleka nokutya ingca.
17. Xelela abafundi ukuba bazakukhetha isilwanyana esinye kwipowusta baze babhale ngaso.
18. Xelela abafundi ukuba bazakukhetha amagama ama 3 azizichazi namagama ama 3 azizenzi xa bechaza isilwanyana.
19. Bafanele ukufakela la magama kwizichazi magama zabo.
20. Cacisa ukuba bazakuqhubeka bebhala ngesi silwanyana kwiiveki ezimbini ezilandelayo.

Umfuziselo:

1. Yithi: Kufuneka ndijonge ipowusta ndikhethe isilwanyana. ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE
2. Yithi ndiza kubhala ngamaqwarha.
3. Yithi: Okulandelayo, kuza kufuneka ndicinge ngamagama endizakuwasebenzisa xa ndichaza amaqwarha.
4. Cacisa ukuba abafundi kufuneka bobonakalise isiphiwo sokuqingqa / sobuchule basebenzise nengqikelelo xa bechaza amaqwarha.
5. Khomba kumagama achazayo ebhodini. Khumbuza abafundi ukuba bakhetha amagama amathathu.
6. Yithi: Ndizakukhetha: inemigca, ilambile no idiniwe.
7. Sebenzisa UMFUZISELO xa ukhumbuza abafundi ngendlela yoku fakela igama kwisichazi magama.
8. Khomba amagama asebhodini. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukukhetha amagama amathathu.

9. Khumbuza abafundi ukuba kufuneka babonakalise isiphiwo sokuqingqa basebenzise nengqikelelo xa becinga ngezinto ezenziwa ngamaqhwarha.
10. Yithi: Ndizakukhetha -ukubaleka, ukuphumla nokutya ingca, kuba ndicinga ukuba amaqhwarha abaleke iingonyama kwaye ngoku alambile kwaye adiniwe, ngoko ke aphumle kwaye atya ingca.
11. Xelela abafundi ukuba uzakubhala la magama kwisichazi magama sakho.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi bacinge ngesilwanyana abazakusikhetha, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Cela amavolontiya ama 2-3 bathethe ngesilwanyana abazakusikhetha.
4. Buza la mavolontiya ngesigama abazakusifakela kwizichazi magama zabo.
5. Yalela abafundi BAFAKELE AMAGAMA KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
6. Xa abafundi bebhala, hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
7. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.
8. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example

<u>Izilwanyana</u> (<u>iziliso</u>)	<u>Amagama</u> <u>achazayo</u> (<u>izichazi</u>)	<u>Izenzo</u> (<u>izenzi</u>)
<u>amaqutha</u>	<u>inemigca</u>	<u>phumla</u>
<u>iingonyama</u>	<u>yeyasendle</u>	<u>yekelela</u>
<u>ihagu</u>	<u>inoboya</u>	<u>leqa</u>
<u>zasendle</u>	<u>ilambile</u>	<u>lala</u>
<u>iinkawu</u>	<u>ibubhale</u>	<u>valeka</u>
		<u>itya</u>
		<u>ingca</u>



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

IZIKO ELIGCINA

IZILWANYANA ZASENDLE

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Mangaphi amaqela anemibala awohlukeneyo owabonayo? (4)
2. Ingaba ucinga ukuba lusuku olufudumeleyo okanye olubandayo olu? Ngoba? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)
3. Mingaphi imithi oyibonayo? (5)
4. Ingaba wakhe walungenela ugqatso? Ukuba kunjalo, ingaba walonwabela? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo)
5. Unganqwenela ukufunda kwesi sikolo? Ngoba? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Bangaphi abantu abakhwele imoto yeziko eligcina izilwanyana zasendle? (8)
2. Yintoni ehleli phezu kwemoto? (yimfene)
3. Zeziphi izilwanyana ezinobungozi kuluntu? (iingonyama, ihlosi, inyathi)
4. Yintoni onokuyenza ukuze ukhuseleke xa usiya kwiziko eligcina izilwanyana zasendle? (Hlala emotweni / kwisithuthi ngalo lonke ixesha)

5. Lithetha ukuthini olwa phawu lwendlela? Ucinga ukuba kutheni olwa phawu lwendlela luphaya nje? (Lithetha ukuba ungaziphi ukutya iinkawu. Iinkawu zizilwanyana zasendle ezifanele ukuzizingelela ukutya kwazo. Ukuba abantu bazinika ukutya zakuphulukana nesakhono sokuzingela zize zife yindlala.)

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuvakalisa / ukubonakalisa iimvakalelo malunga netekisi / isiqendu esibhaliweyo unike izizathu.

Iziphumo zesifundo:

Ekupheleni kwesi sifundo, umfundi ufanele:

- Ukubonakalisa iimvakalelo ezintle/ ezimnandi malunga netekisi baze banike izizathu zezimvakalelo.
- Ukubonakalisa iimvakalelo ezingamndandanga / ezingalunganga malunga netekisi baze banike izizathu zezimvakalelo.

Izixhobo ezizakusetyenziswa:

- Itekisi ye DBE: 'Umvundla nofudo' Incwadi yokusebenzela yokuqala iphepha 108.

I-oral

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qinisekisa ukuba akuna nto phambi kwabo.
3. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli kakuhle kwaye bayabona phambi kwabo.
4. Qinisekisa ukuba abafundi baneependile eziloliweyo.
5. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
6. Qinisekisa ukuba ezi ncwadi zivaliwe.
7. Khumbuza abafundi ngebali ebebelifunde kwiveki ephelileyo elithi 'Umvundla nofudo'.
8. Xoxa ngebali, ukhumbuza abafundi ngamanqaku aphambili kweli bali:
9. Okulandelayo, xeleda abafundi bavule iphepha elicocokileyo ezincwadini zabo, baze basonge iphepha kwisiqingatha / ehafini
10. Abafundi mababhale umhla nesihloko sebali ephepheni kwimiqolo yomibini
11. Xeleda abafundi ukuba basebenzise uphawu (✓)phezulu ephepheni kwikholam yasekhohlo, baze kwikholam yasekunene benze olu phawu (x).
12. Cacisela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso womlinganiswa abamthandayo phantsi kophawu (✓), baze bazobe umfanekiso womlinganiswa abangamthandiyo phantsi kophawu (x)
13. Ngexa abafundi besenza umsebenzi wabo, biza umfundi ngamnye kwidesika yakho uze ubuze le mibuzo ilandelayo:
 - a. Ngubani umlinganiswa omthandayo ebalini? Nika isizathu.
 - b. Ngubani umlinganiswa ongamthandiyo ebalini? Nika isizathu.
14. Cacisela abafundi ukuba kubaluleke kakhulu ukuba basebenze bethe cwaka

Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Phawula / rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuthetha	Umfundi akavakali kwaye ugungqa kakhulu.	0	Umfundi uyavakala kwaye uzolile.	1	Umfundi uthetha ngokucacileyo, ngokuvakalayo kwaye ubonisa nemvakalelo. Umfundi akagungqi tu.	2
Indlela yokwazi ukuvakalisa iimvakalelo ngetekisi	Umfundi uchonge umlinganiswa omnye kuphela.	1	Umfundi uchonge umlinganiswa omnye qha, waze wathetha ngobungakanani bokuthanda umlinganiswa (kakhulu okanye kancinci).	2	Umfundi uchonge abalinganiswa bobabini ngokucacileyo : amthande kakhulu namthande kancinci.	3
Indlela yokwazi ukunika izizathu zeemvakalelo zetekisi.	Umfundi unike isizathu ngezimvo zakhe malunga nomlinganiswa omnye.	1-2	Umfundi unike izizathu ngezimvo zombini zabalinganiswa. Izizathu ibizizizathu ezifana nezabanye abafundi.	3-4	Umfundi unike izizathu ngezimvo zabalinganiswa bobabini. Izimvo bezicingwe ngenyameko, zicwangcisiwe, kwaye zinika umdla.	5

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ncw, ndw**

20 min

Spelling Test	Date:
incwadi	ukundweba
ncwina	undwendwele
imuncwana	undwendwe
umuncwana	indwe
iyamuncwa	undwebile

Dictation Sentence

Ndibone indwe incwina xa ibona undwendwe olundwebileyo kwiziko lwezilwanyana.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 48,50



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Usuku lweLayibrari

Page: 22

COMPREHENSION:

Questions

Uhambe ngantoni uLona ukuya elayibrari?

Kutheni kunzima ukutyhala isitulo sikaLona?

Kutheni uBongi ethathe incwadi yokupheka nje?

Ucinga ukuba kutheni uSipoti engavunyelwanga ukuba angene?

Bangaphi abafundi abatyelele elithala leencwadi?

Answers

Ngesitulo sabalimeleyo.


Siyasinda.

Kuba uthanda ukubhaka uBongi.

Kuba uzakungxola, uzakufuna ukuluma abanye abantu, uzakufuna ukutya iincwadi, nayiphi na impendulo efanelekileyo.

Bathandathu.

WEEK 8



From your parents you learn love and laughter
and how to put one foot in front of the other.
But when books are opened you discover you
have wings. **Helen Hayes**



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ndl**

10 min

Phonic Words

isandla indlela indlebe indlala indlu



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ndl**

30 min

Handwriting Words

indlebe indlulamthi indlala

Handwriting Pattern:

ma ma ma

Handwriting DBE Activities:

Indlulamthi ineendlebe ezinkulu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

endimthandayo ingqondo oonjubalala
ekonisathini



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ndl**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 71, 99, 113



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala izivakalisi ezisibhozo.
- Ukubhalela umhlobo imiyalelo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi xa bebhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa isichazi magama.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- Incwadi zokubhala zabafundi neekhrayoni.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Amagama owakhetha ngoLwesine, abhalwe ebhodini.
4. Bhala ebhodini:

Khangela isilwanyana...

Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala imiyalelo.
2. Buza abafundi: Ingaba uyayazi na “imiyalelo”?
3. Abafundi aba 2-3 mabaphendule lo mbuzo.
4. Cacisa ukuba imiyalelo iyalela umntu ukuba enze into.
5. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kucinga ngesilwanyana abasikhethe ngoLwesine.
6. Cacisa ukuba abafundi bazakudlala umdlalo wokukhangela unondyebo / treasure hunt apho

bazakufunela umhlobo isilwanyana abasicingayo.

7. Bacacisele ukuba abafanelanga kuxela isilwanyana abasicingayo. Baza kubhala izivakalisi ezichaza isilwanyana esithile aze umhlobo azame ukusifumana.
8. Baxebele ukuba baza kusebenzisa amagama abo angolwesine kuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO xa bebhala.
9. Cacisa ukuba baza kusebenzisa amagama xa bebhalela umhlobo. Baza kubhala imiyalelo emithandathu.
Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala imiyalelo besebenzisa isigama nala magama "Khangela isilwanyana ..."
10. Bhala izivakalisi ebhodini, ngolu hlobo:
Khangela isilwanyana esinemigca.
Khangela isilwanyana esitya ingca.
Khangela isilwanyana esibaleke iingonyama.
Khangela isilwanyana esilambileyo.
Khangela isilwanyana esidiniweyo.
Khangela isilwanyana esiphumleyo.
11. Yithi: Namhlanje uza kusebenzisa izixhobo zakho xa ubhala amagama owaziyo.
12. Namhlanje, ukuba kukho igama ongalaziyo, sizakuBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO size sibize zonke izandi esizivayo.
13. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
14. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO baze babhale zonke izandi abazivayo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakubhala imiyalelo. Uzakuxelela umhlobo wakho into efuna ukukhangelwa.
3. Uzakusebenzisa amagama akho angolwesine xa ubhala imiyalelo.
4. Cela abafundi aba 2-3 baxele igama elinye langolwesine baze balijike libe ngumyalelo.
5. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
6. Yalela abafundi batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.

Bhala / Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
2. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukubhalela umhlobo imiyalelo emithandathu.
3. Khumbuza abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale izandi esizivayo.

4. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
5. Ngexesha lodliwano ndlebe, nceda abafundi babhale imiyalelo besebenzisa isigama sabo esitsha.
6. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane yalela abafundi bakufundele imibhalo yabo, kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
7. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.
8. Emva kokuba abafundi bezobe isithuba esingangemizuzu engama 20 , baxebele ukuba bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Umsebenzi: Unegalelo kwizimvo	Umfundi akasebenzisanga sichazi magama xa ebhala izivakalisi zakhe.	0	Umfundi ubhale izivakalisi esebenzisa amagama akwisichazi magama sakhe.	1		
Ukubhalwa kwemiyalelo emi 6	Umfundi akayibhalanga imiyalelo.	1	Umfundi ubhale izivakalisi eziliqela zafana nemiyalelo OKANYE akayibhalanga yonke imiyalelo emithandathu.	2	Umfundi ubhale imiyalelo emithandathu ubuncinane.	3
Ukugxininisa kwisihloko	Umfundi akachonganga silwanyana kwipowusta OKANYE amagama akhethiweyo awahambelani nesilwanyana.	1	Umfundi ukhethe isilwanyana kwipowusta. Umfundi ukhethe amagama athile ahambelana nesilwanyana esikhethiweyo.	2	Umfundi ukhethe isilwanyana kwipowusta. Umfundi ukhethe amagama athile ahambelana nesilwanyana esikhethiweyo.	3
Usebenzisa ubuchule	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.	1	Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala.	2	Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonisa ubuchule nokuzicingela eyedwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi.	3

Example

Khangela isilwanyana
esinemiga.

Khangela isilwanyana esitya
ingca.

Khangela isilwanyana esibaleke
ungonyama.

Khangela isilwanyana
esilambileyo.

Khangela isilwanyana
esiduniweyo

Khangela isilwanyana
esiphumlelo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ndlw**

10 min

Phonic Words

indlulamthi indlovu amandla indlwana isandlwana



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ndlw**

15 min

Handwriting Words

indlwana isandlwana endlwini

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

indlovu zifungenwe yindlala endlwini yazo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ndlw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufakela / ukongeza izivakalisi ezibini ubuncinane kwizivakalisi ezikhoyo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi xa bebhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa izichazi magama zabo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Iincwadi zabafundi ezinezivakalisi zangoLwesibini.
- Izivakalisi zakho zangoLwesibini, zibhalwe ebhodini.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

Umfuziselo:

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoLwesibini, sibhale umdlalo wokukhangela isilwanyana kwindyebo / treasure hunt. Siyalele umhlobo ukuba akhangele isilwanyana esithile kwipowusta.
2. Yithi: Namhlanje sizakufakela intshayelelo ukuze umhlobo wethu ayazi into efanele ukwenziwa.
3. Yithi: Uzakucacisa indlela yokusetyenziswa kwemiyalelo ngumhlobo wakho.
4. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa indlela yokubhala intshayelelo.

5. Umzekelo, bhala: Lo ngumdlalo wokuzingela / wokukhangela indyebo yakho ! Sebenzisa le miyalelo ukuze ufumane isilwanyana kwipowusta yeklasi.
6. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
7. Sebenzisa UMFUZI SELO xa ubonisa abafundi indlela yokufakela intshayelelo.
8. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
9. Sebenzisa UMFUZI SELO xa ubonisa abafundi indlela yokwenza isiqosheliso.
10. Umzekelo, bhala: Sesiphi isilwanyana ocinga ukuba bendicinga ngaso? KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
11. Sebenzisa UMFUZI SELO xa ubonisa abafundi indlela yokwenza isiqosheliso.
12. Cacisa ukuba abafundi bafanele UKUPAPASHA imibhalo yabo kwiveki ezayo. Bafanele ukulandelelanisa imibhalo yabo.

Bhala / Okubhalwayo:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile imiyalelo yabo yangoLwesibini.
3. Khumbuza abafundi bafakele intshayelelo nesiqosheliso kwimibhalo yabo.
4. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO kwaye ABABHALI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babize izandi abazivayo.
5. Xa abafundi bebhala, hamba hamba UKHUTHAZE ABABHALI.
6. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example

Ingaba uibuene isilwanyana
endicunga ngaso?

Le yindlela yobuqabagela
indyebo! Uqakusebenzisa le myalelo
xa ufuna ukukhangela isilwanyana
awipowusta.

Khangela isilwanyana esinemleza.

Khangela isilwanyana sitya uqea.

Khangela isilwanyana esibaleke
ungonyama.

Khangela isilwanyana selamileyo.

Khangela isilwanyana esidimweyo.

Khangela isilwanyana esiphumlelo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8
15 min



Listening and Speaking

Poster work

IZIKO ELIGCINA

IZILWANYANA ZASENDLE

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Bangaphi abantu abakhwele imoto yeziko eligcina izilwanyana zasendle? (8)
2. Yintoni ehleli phezu kwemoto? (yimfene)
3. Zeziphi izilwanyana ezinobungozi kuluntu?(iingonyama, ihlosi, inyathi)
4. Yintoni onokuyenza ukuze ukhuseleke xa usiya kwiziko eligcina izilwanyana zasendle?(Hlala emotweni / kwisithuthi ngalo lonke ixesha)
5. Lithetha ukuthini olwa phawu lwendlela?Ucinga ukuba kutheni olwa phawu lwendlela luphaya nje? (Lithetha ukuba ungaziphi ukutya iinkawu. Iinkawu zizilwanyana zasendle ezifanele ukuzizingelela ukutya kwazo. Ukuba abantu bazinika ukutya zakuphulukana nesakhono sokuzingela zize zife yindlala.)

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ndl, ndlw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. isandla	6. indlulamthi
2. indlela	7. indlovu
3. indlebe	8. amandla
4. indlala	9. indlwana
5. indlu	10. isandlwana

Dictation Sentence

Indlela edlula endlwini yeendlulamthi ineendlovu zasendle ezinkulu nezinobungozi.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 51,54



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36

COMPREHENSION:

Questions

Ngubani obebhala le leta?

Ibhalelwa bani le leta?

Bhala into ibenye ababeyenze ngexesha babendwendwelwe nguBongi.

Yintoni eza kwenziwa nguDumi kwikonsathi yesikolo

Ingaba uyakwazi ukubhala idilesi yakho? Yibhale phantsi.

Answers

NguDumi

Ibhalelwa uBongi.

Babeleqana noonojubalala, nenye impendulo echanekileyo.

Uzakuxhentsa.

Umfundi ngamnye uzakuphendula abhale idilesi yakhe.

WEEK 9

WEEK 9

Educating
yourself
does not mean
that you were
stupid in the first
place; it means that you
are intelligent enough to
know that there is plenty left
to learn. **Melanie Joy**

9



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ntl**

10 min

Phonic Words

intloko intle intliziyo intlama intlungu



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ntl**

30 min

Handwriting Words

intlekisa intliziyo iintlobo zintle

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

UZintle unentliziyo entle



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

Esihlahleni Matshi owawusindwendele iziqhamo



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ntl**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE

Iphepha: 71



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufunda umsebenzi abawubhalileyo.
- Ukusebenzisa isivumelanisi sentloko ngokuchanekileyo.
- Ukusebenzisa izingxi, iimpawu zombuzo, iikoma, neempawu zokhuzo ngokuchanekileyo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- Iincwadi zabafundi ezinomsebenzi obhalwe ngoLwesibini neepensile.
- Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (eli lingathathwa kwiincwadi zokubhala zabafundi).

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala imiyalelo yakho, intshayelelo nesiqosheliso ebhodini. ZAMA UBENEEMPАЗAMO EZI 2-3 KWIZIVAKALISI.
4. Bhala uluhlu loqinisekiso / itshekhlisti ebhodini: ULUHLU LOQINISEKISO / ITSHEKHLISTI YOKUZHLELA

Ingaba:

1. Ndiqale isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu?
2. Ndigqibezele isivakalisi ngasinye ngesingxi, ngophawu lombuzo okanye ngophawu lokhuzo?
3. Ndifakele iikoma kwiindawo ezichanekileyo?

4. Ndiqinisekisile ukuba izivakalisi zam zinezivumelanisi zentloko, njengo yona i kwakunye no bona.

Umfuziselo:

1. Khumbuza abafundi ukuba kwisifundo esidlulileyo, sibhale intshayelelo nesiqosheliso semiyalelo yethu.
2. Cacisa ukuba umhlobo uzakufunda imibhalo yethu, ngoko ke kufuneka siqinisekise ukuba bayiqonda lula.
3. Cacisa ukuba phambi kokuba sinike umhlobo umbhalo wethu, kufuneka SIHLELE imibhalo yethu.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukufunda imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
5. Namhlanje, xa abafundi BEFUNDA IMIBHALO YABO, bafanele ukukhangela iikoma kuluhlu lwabo, oonobumba abakhulu nezingxi.
6. Sebenzisa UMFUZIASELO xa ubonisa abafundi INDLELA YOKUFUNDA IMIBHALO YABO noku HLELA IMIBHALO YABO besebenzisa itshekhlisti.
7. Sebenzisa UMFUZIASELO xa ubonisa abafundi indlela yokulungisa iimpazamo abazenzileyo.
8. Cacisa ukuba kufuneka SIPAPASHE imibhalo yethu ukuqinisekisa ukuba iyalandelelana. Intshayelelo ifanele ukuba sekuqaleni, kuze kulandele imiyalelo, emva koko isiqosheliso / isiphelo.
9. Cacisa ukuba SIZAKUPAPASHA imibhalo yethu kwiphepha elihamba lodwa.
10. Sebenzisa UMFUZIASELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala imibhalo yabo kula macandelo alandelayo:
 - a. Intshayelelo
 - b. Imiyalelo
 - c. Isiqosheliso / isiphelo

Imiyalelo ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu LOKUHLELA umsebenzi wenu.
2. NIKAABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi bafumane imibhalo yabo yangoLwesibini.
4. Yalela abafundi BAFUNDE IMIBHALO YABO.
5. Yalela abafundi bakhangele oonobumba abakhulu, izingxi, iimpawu zombuzo iimpawu zokhuzo, iikoma nesivumelanisi sentloko.
6. Cacisa ukuba abafundi mabaphakamise izandla zabo xa begqibile ukuhlela. Uzakubanika iphepha elihamba lodwa apho bazakuqala ukuPAPASHA khona.

Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo.

2. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi bakhangele izivumelanisi zentloko.
4. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane cela ABAFUNDI BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
5. Xa uhamba hamba eklasini, KHUTHAZA ABABHALI.
6. Khumbuza ababhali ukuba baphakamise isandla sabo xa begqibile UKUHLELA umsebenzi wabo.
7. Nika abafundi AMAPHEPHA AHAMBA ODWA xa begqibile ukuzihlela.
8. Khumbuza abafundi ukuba baqinisekise ukuba imibhalo yabo icocekile xa IPAPASHWA ukuze abanye abantu bakwazi ukuyifunda.

Irubhrikhi yale veki izakufumaneka ngoLwesine.

Example

Sigaba wibune isilwanyana
endicinga ngaso?

Le yindlela yabo yobubagela
indyebo! Uqakusebenzisa le myalelo
xa ufuna ukubhangela isilwanyana
kuphawula.

Khangel' isilwanyana esinemegca.

Khangel' isilwanyana sitya uqea.

Khangel' isilwanyana esibaleke
ungonyama.

Khangel' isilwanyana selambileyo.

Khangel' isilwanyana esidimweyo.

Khangel' isilwanyana esiphumlelo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **4**
15 min



Shared Reading

First read

30 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ntl**

10 min

Phonic Words

iintlobo uZintle ezintle iintlanga intlekisa



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ntl**

15 min

Handwriting Words

intlekisa iintlanga iintlobo intlama

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Uneentlobo ezintle zezihlangu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ntl**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala baze bazobe izivakalisi ezisi 6-8 malunga nesihloko xa benika igalelo kwincwadi yethala leencwadi zeklasi.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe.
- lincwadi zabafundi namaphepha ahamba odwa anemibhalo yangoLwesibini, iipensile neekhrayoni.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Le freyimu ilandelayo yokubhala, mayibhalwe ebhodini:

UMPHAMBILI WEPHEPHA	UMVA WEPHEPHA
Ngu IGAMA LAKHO	
Intshayelelo	Isilwanyana sam yi
Imiyalelo (6)	ZOBA UMFANEKISO
Isiqosheliso / isiphelo	

Umfuziselo:

1. Khumbuza abafundi ukuba kwiveki edlulileyo, sibhale izivakalisi ngeentlobo zoluhlu lwethu.

2. Siye SAHLELA izivakalisi zethu sakhangela oonobumba abakhulu, iimpawu zokubhala nesivumelanisi sentloko.
3. Cacisa ukuba namhlanje, umfundi ngamnye uzakugqiba amaphepha akhe okuzingela / okukhangela isilwanyana kwindyebo (treasure hunt) aze anike umhlobo wakhe.
4. Cacisa ukuba emva kokuba umfundi efunde umsebenzi wokukhangela indyebo, uzakuqokelela imibhalo yabafundi ayifake kwincwadi yeklasu.
5. Cacisa ukuba ABABHALI BAPAPASHA IMIBHALO YABO. Eli nyathelo liyenziwa ukuze abanye abantu bafunde imibhalo yethu.
6. Bonisa abafundi iphepha elihamba lodwa.
7. Cacisa ukuba abafundi bazakugqiba UKUPAPASHA imibhalo yabo kwiphepha elihamba lodwa.
8. Namhlanje xa abafundi BEPAPASHA, bazakubhala izivakalisi zabo kwakhona, BEKHANGELA oonobumba abakhulu, iimpawu zokubhala nesivumelanisi sentloko.
9. Cacisa ukuba abafundi baza kubhala intshayelelo, imiyalelo nesiqosheliso / isiphelo kwicala elinye lephepha.
10. Cacisa ukuba abafundi bazakufakela umzobo kwelinye icala lephepha. Baza kuzoba umfanekiso wesilwanyana esikhethiweyo.
11. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela YOKUPAPASHA umsebenzi wabo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lakho LOKUPAPASHA umsebenzi wakho.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA / AMACWECWE AHAMBA ODWA.
4. Yalela abafundi bagqibezele UKUPAPASHA.
5. Khumbuza abafundi balungise iimpazamo zabo xa BEPAPASHA.
6. Khumbuza abafundi bafakele umzobo ngasemva kwamaphepha wabo.

Bhala / Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo.
2. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane yalela abafundi BAKUFUNDELE IMISEBENZI YABO.
4. Yalela abafundi abagqiba kuqala bafakele iinkcukacha kwimizobo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
5. Xa uhamba hamba eklasini, KHUTHAZA ABABHALI

Umsebenzi Wokukhangela Indyebo

1. Xa kushiyeke imizuzu emihlanu kwesi sifundo, yalela abafundi batshintshisane ngamaphepha abo noogxa babo.
2. Yalela abafundi bafunde amaphepha oogxa babo bazame ukuqashela isilwanyana.
3. Emva koko, yalela abafundi baguqule amaphepha abo bakhangele ukuba iimpendulo zabo bezichanekile na.

Yila / enza incwadi yokukhangela indyebo yeklasini. Yenza le ncwadi ngokuthi wenze imingxunya emaphepheni uze uthungele imitya emingxunyeni. Okanye, sebenzisa ifayile apho uzakufaka onke amaphepha owasebenzisayo. Beka incwadi eklasini apho izakufunyanwa lula ngabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ukusetyenziswa kwefreyimu	Umfundi akayisebenzisanga ifreyimu yokubhala. Umfundi akazisebenzisanga izakhono ezithile.	0	Umfundi usebenzise ifreyimu yokubhala. Usebenzise izakhono zefreyimu yokubhala xa ebhala.	1		
Ukubhalwa kwezivakalisi ezisibhozo ubuncinane	Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezisi 8.	1	Umfundi ubhale izivakalisi ezisi 8 ubuncinane.	2	Umfundi ubhale izivakalisi ezili 9 ubuncinane.	3
Ukupapashwa komsebenzi njengephepha / ucwecwe lwencwadi.	Umfundi akazobananga kwiphepha lakhe. Umfundi wenze iimpazamo ezingaphezulu kwesibini koonobumba abakhulu, izingxi neekoma.	1	Umfundi uzobile kwiphepha lakhe. Umfundi wenze impazamo enye okanye ngaphezulu koonobumba abakhulu, izingxi neekoma.	2	Umfundi uzobe iphepha lakhe wafakela neenkukacha. Umfundi ulungise iimpa-zamo zoonobumba abakhulu, izingxi nekoma.	3
Usebenzisa ubuchule	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.	1	Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala.	2	Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezibonakalisa ubuchule.Umfundi ubonisa ubuchule nokuzicingela eyedwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi.	3

Example

Ingalaba wibuwene isilwanyana
endicinga ngaso?

(ngasemua)

Isilwanyana sam li



Squatta!

Le yindlela yabo yobupagela
indyebo! Wakusibengisa le mnyalelo
xa ufuna ukukhangela isilwanyana
kuphoxwisa.

Khangela isilwanyana esivemleka.

Khangela isilwanyana sitya isiga.

Khangela isilwanyana esibaleke
ungonyama.

Khangela isilwanyana silambileyo.

Khangela isilwanyana esidimweyo.

Khangela isilwanyana esiphumleyo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster vocabulary

IZIKO ELIGCINA

IZILWANYANA ZASENDLE

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Oomabonakude / ifrekekile
2. Usomahlathi
3. Ikhala
4. Ulundi lweentaba
5. Umkhekhenti

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (ibe mine ubuncinane) aze aphenhule ngokuchanekileyo.

Iziphumo zesifundo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

- Ukuphulaphula baze balandele imiyalelo embaxa.

Izixhobo Ezifunekayo:

- lincwadi zokubhala zabafundi
- lipensile eziloliweyo

I-oral

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qiniseka ukuba akunanto phambi kwabo.
3. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli kakuhle kwaye bayabona phambili eklasini.
4. Qinisekisa ukuba abafundi baneepensile eziloliweyo.
5. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
6. Qinisekisa ukuba ezi ncwadi zivaliwe.
7. Xelela abafundi ukuba uzakubanika imiyalelo eliqela kwaye kuyakufuneka ukuba baphulaphule ngocoselelo kwimiyalelo leyo, baze balandele umyalelo ngamnye.
8. Baxebele ukuba abafanelekanga ukuba bathethe okanye bakucele ukuba uphinde imibuzo.
9. Emva kokuba ubanike umyalelo ngamnye, nika abafundi ithuba lokuqhuba lo myalelo. Kodwa ke, ungalindi ithuba elide kwaye ungabanyanzeli xa bengakwazi.

UMYALELO	ULWABIWO LWAMANQAKU
Vulani amaphepha acocekileyo ezincwadini zenu.	
Songa iphepha libesisiqingatha / ihafu.	1
Bhala umhla phezulu ephepheni ngakwisandla sasekhohlo.	1
Bhala igama lakho ngaphantsi komhla.	1
Iya kwicala lasekunene lomqolo.	1
Zoba umfanekiso wesilwanyana sasendle osithandayo.	1
Beka uphawu ecaleni kwesi silwanyana.	1
Iya ngakwisandla sasekhohlo kwiphepha lakho.	1
Zoba umfanekiso wesilwanyana sasendle ongasithandiyo.	1
Beka uphawu lomnqamlezo ecaleni kwesi silwanyana.	1
Krwela umgca ngerula ezantsi kwemifanekiso yakho.	1
Valani iincwadi zenu.	

10. Qokelela zonke iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Sebenzisa indlela yokwahlula amanqaku angentla ukunika umfundi ngamnye inqaku ukusuka ku 0 – 10.
2. Phawula/ rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

QAPHELA: Unezifundo ezine zalo msebenzi. Sebenzisa izifundo ezibini ukwenza lo msebenzi, ze usebenzise esesithathu nesesine isifundo kwipowusta kwakunye nomdlalo/ umbongo / ingoma.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ntl**

20 min

Spelling Test	Date:
1. intloko	6. iintlobo
2. intle	7. uZintle
3. intliziyo	8. ezintle
4. intlama	9. iintlanga
5. intlungu	10. intlekisa

Dictation Sentence

Intle incwadi enemifanekiso eziintlobo ntlobo ezahlukeneyo zeentliziyo ezintle.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye
DBE
Amaphepha: 59,66



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Umza wam endimthandayo

Page: 36

COMPREHENSION:

Questions

Ngubani igama lomzala kaDumi?

Babedlala phi ngexesha leeholide?

Ithini idilesi kaDumi?

Bhala eyakho idilesi.

Bhala isichasi seli gama: kakhulu

Answers

NguBongi.

Babedlala emfuleni.

1Section BB, Esihlahleni Road, Imbali Township.

Idilesi yomfundi ngamnye.

Kancinci.

WEEK 10

10 WEEK

Education breeds confidence. Confidence breeds hope. Hope breeds peace. **Confucius**



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **nqw**

10 min

Phonic Words

inqwelo unqweme umnqwazi iminqwazi
umnqweno



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **nqw**

30 min

Handwriting Words

inqwelo unqweme umnqwazi inqwaba

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Ushiye umnqwazi wakhe kwinqwelo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

kumnandi ndwendwela bapakisha lokunqwenela
ngasemlanjeni



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **nqw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Iphepha: 75



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuthetha nabalingane ukuqala ukuqulunga ukubhala
- Ukubuza imibuzo enceda ekucaciseni okubhalwayo
- Ukubhala umfuniselo / experiment

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Incwadi zomfundi neekhrayoni

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala le nkcazelo ebhodini:

Umfuniselo: Xa uqala into entsha ukubona okuzakwenzeka

4. Bhala le mibuzo ilandelayo ebhodini:

Isihloko: Ixesha enda....

- a. Ngubani owayethatha inxaxheba kulo mfuniselo?
- b. Wenzeka phi lo mfuniselo?
- c. Wenzeka nini lo mfuniselo?
- d. Kwenzeka ntoni? Wawufunisela ntoni?
- e. Kwakutheni ukuze ufune ukwenza umfuniselo?

Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakuqala ukubhala umhlathi ngomfuniselo abawenzileyo.
2. Cacisa ukuba umfuniselo kuxa siqala into entsha ukukhangela ukuba kuzakwenzeka ntoni na.
3. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala ngento esele yenzekile kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
4. Khumbuza ababhali baqale ngokucinga ngomfuniselo kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Cacisela abafundi ukuba bazakuxoxa ngemifuniselo yabo nabalingane.
6. Khomba kumfanekiso osebhodini. Funda imibuzo.
7. Cacisa ukuba abafundi BAZAKUJIKI BATHETHE nomlingane. Umlingane ngamnye uzakufumana ithuba lokubuzisa imibuzo nelokuphendula imibuzo.
8. Cela umfundi aze ngaphambili kweklasi. Sebenzisa UMFUZELO ukubonisa abafundi indlela YOKUJIKI BATHETHE xa bephendula le mibuzo.
9. Cacisa ukuba xa begqibile ukuxoxa nomlingane, abafundi bazakubhala ISIHLOKO somfuniselo neempendulo zabo zemibuzo yonke.
10. Sebenzisa UMFUZELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala isihloko, ngolu hlobo: Ixesha endazama ukubhaka ikeyiki.
11. Sebenzisa UMFUZELO ukubonisa abafundi indlela yokuphendula umbuzo omnye, ngolu hlobo: Ngubani owathatha inxaxheba kulo mfuniselo?
12. CINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
13. Phendula umbuzo, ngolu hlobo: Mna nodade wethu sathatha inxaxheba kumfuniselo.
14. Sebenzisa UMFUZELO UKUSEBENZISA IINKUMBULO ZAKHO, UKUSEBENZISA IZIXHOBO NOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
16. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala kwixesha elidlulileyo, kuba babhala nento esele yenzekile.
17. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala iimpindulo zayo yonke imibuzo ukulungiselela ukubhala umhlathi ngoLwesine.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Cacisela abafundi bathathe isigqibo ngomfuniselo abanqwenela ukubhala ngawo.
2. Yithi: Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cela abafundi bavale amehlo bacinge ze bathathe isigqibo ngoluhlu abazakubhala ngalo.

4. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngomfuniselo wabo neklasi.
5. Nceda abafundi baqonde igama elithi umfuniselo.
6. Yalela abafundi BAJIKE ZE BATHETHE.

Okubhalwayo:

1. Cacisela abafundi babhale isihloko neempendulo zombuzo ngamnye.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Cacisela abafundi batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.
4. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
 - a. Nceda babhale iimpendulo zemibuzo esebhodini.
 - b. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IZIXHOBO BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
 - c. Yalela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
6. Yalela abafundi abagqiba kuqala bafakele iinkcukacha nezivakalisi kwimibhalo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
7. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.
8. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo Ukumaka umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ukukhetha umfuniselo	Umfundi akawukhethanga umfuniselo, OKANYE umfuniselo awenzekanga kuye.	0	Umfundi ukhethe umfuniselo owenzekileyo wabhala ngawo.	1		
Ukuqulunqa nomlingane	Umfundi akajiki athethe OKANYE umfundi akazoli xa kujikwa kuthethwe.	1	Umfundi ujika athethe nomlinganiswa. Umfundi uxoxa ngomfuniselo nomlingane wakhe. Umfundi uyaphendula abuze neminye imibuzo.	2	Umfundi ujika athethe nomlingane ngomfuniselo. Umfundi ubuza imibuzo aze aphulaphule ngenyameko kwiimpendulo zomlingane. Umfundi wabelana nemibuzo nomlingane wakhe ngemibuzo neempendulo zakhe.	3
Bhala iimpendulo zemibuzo.	Umfundi akabhali mpendulo zemibuzo esebhodini.	1	Umfundi ubhala isihloko nempendulo efanelekileyo kumbuzo ngamnye osebhodini.	2	Umfundi ubhala isihloko neempendulo ezifanelekileyo kumbuzo ngamnye osebhodini. Iimpendulo ziphelele kwaye zineenkukacha.	3
Usebenzisa ubuchule neengqikelelo.	Umfundi ukhethe ukubhala nokuzoba ngomfuniselo.	1	Umfundi usebenzise ingqikelelo xa ecinga ngomfuniselo. Umbhalo womfundi awubonakalisi zimvo nangcinga ezinika umdla nezezomfundi.	2	Umfundi usebenzise ingqikelelo ukucinga ngomfuniselo wakhe. Umbhalo womfundi uneengcinga ezinika umdla nezonwabisayo zomfundi.	3

Example

Ixesha endazama ngalo ukubhala
ikeyiki.

d. Mna nodade wethu.

b. Yenzeka kwigumbi
lobuphelela labwadadobawo.

c. Ngosuku lobugalwa (bukatita)
kwenzeka lo nto.

d. Yajlixesha lethu lobugala
ukubhala ikeyiki.

e. Kuba sasifuna utata wethu
abenosuku lobugalwa oluloda!



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **4**

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwele usapho

Page: 40



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **nqw**

10 min

Phonic Words

iminqweno inqwaba inqaba uyonqena nqanda



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **nqw**

15 min

Handwriting Words

uonqena umnqweno inqanawa iminqweno

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Umnqweno wam kukukhwela inqanawa ngenye imini.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwele usapho

Page: 40



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **nqw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi onezivakalisi ezilishumi ubuncinane
- Ukuchaza umfuniselo

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi ezinemibhalo yangoLwesibini neekhrayoni zabafundi

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba bahleli kwiidesika zabo abafundi, qinisekisa ukuba abkukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala le nkcazelo ilandelayo ebhodini:

Umfuniselo: Xa uqala into entsha ukubona okuzakwenzeka

4. Bhala oku kulandelayo ebhodini:

Isihloko: Ixesha enda....	Isihloko
1. Ngubani owayethatha inxaxheba kulo mfuniselo?	Isivakalisi esiyintloko / esingundoqo
2. Wenzeka phi lo mfuniselo?	8 Izivakalisi ezixhasayo
3. Wenzeka nini lo mfuniselo?	Izivakalisi eziqoshelisayo
4. Kwenzeka ntoni? Wawufunisela ntoni?	
5. Kwakutheni ukuze ufune ukwenza umfuniselo?	

Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakuqala ukubhala umhlathi ngomfuniselo abawenzileyo.
2. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi liqela lezivakalisi ezithetha ngondoqo omnye.
3. Khumbuza abafundi ukuba umfuniselo kuxa uqala into entsha ukhangela okuzakwenzeka.
4. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakujika iimpendulo zemibuzo yangoLwesibini zibe ngumhlathi.
5. Khumbuza abafundi baqale NGESIVAKALISI ESINGUNDOQO / ESIYINTLOKO.
6. Khumbuza abafundi ukuba ISIVAKALISI ESINGUNDOQO sichaza ukuba umhlathi ungantoni na.
7. Sebenzisa UMFUZIASELO ukubonisa abafundi indlela yokushwankathela umfuniselo wabo ube sisivakalisi esiyintloko, ngolu hlobo: Ngenye imini, ndazama ukubhala ikeyiki yetshokoletshi.
8. Sebenzisa UMFUZIASELO UKUSEBENZISA IINKUMBULO ZAKHO, IZIXHOBO NOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
9. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
10. Cacisa ukuba abafundi bazakusebenzisa iimpendulo zangoLwesibini zibe zizivakalisi ezixhasayo.
11. Sebenzisa UMFUZIASELO ukubonisa abafundi indlela yokwenza oku ngombuzo omnye, onje: Mna nodade wethu sithe kuzakuba luyolo ukubhaka ikeyiki.
12. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
13. Xelesa abafundii ukuba isivakalisi esiqoshelisayo sigqibezela umhlathi wethu.
14. Cacisa ukuba abafundi bangabhala indlela abe ngayo ngomfuniselo kwisivakalisi esiqoshelisayo.
15. Sebenzisa UMFUZIASELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi esiqoshelisayo, ngolu hlobo: Ndakhathazeka kakhulu ngemini endachitha ngayo ikofu yam.
16. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

Okubhalwayo:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cacisa ukuba ababhali mabakhangele imibhalo yabo yangoLwesibini.
3. Chaza ukuba ababhali mabaqale bahlaziye iimpendulo zabo zibe ngumhlathi kwiphepha elilandelayo.
4. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo na.
5. Hamba hamba eklasini WENZE UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
 - a. Nceda babhale iimpendulo zemibuzo esebhodini.
 - b. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IZIXHOBO BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA

NJENGOFUDO.

- c. Yalela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
- 6. Yalela abafundi abagqiba kuqala bafakele iinkcukacha nezivakalisi kwimibhalo yabo kuba ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA.
- 7. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.
- 8. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example

N
ngexesha endazama ngalo ukubhaka
ibeyibi yetshobolethi ngalo. ^mmna modade
wethu
sicinge ukuba kugakula mnandi
ukubhaka ibeyibi. Besifuna ukumangalisa
utata wethu. Ngosuku lobugaluwa
subatata wethu sihambele indlu
kidadobawo. Sifunde (isiphi). Sixube
yonke into esityeni. Sifake ibeyibi
kwionti. Ililixesha lethu lobugala
lobubhaka ibeyibi ngoko be besingayazi
ukuba (buz) bebuzwa kwengoba ntoni. Xa
kugqityiwe ukubhaka ibeyibi
inambitheke bamnandi. Waze utata
wethu wanosuku lobugaluwa olumnandi
kakhulu! Bendonwabe kakhulu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **8**
15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

IZIKO ELIGCINA

IZILWANYANA ZASENDLE

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Ingaba ucinga ukuba kuxeshaphi ngoku? Ngoba? (Inokuba kusekusasa okanye kungokuhlwa. Ingathi ilanga liyaphuma okanye liyatshona.)
2. Ingaba eli xesha lelona lifanelekileyo lohambo ngemoto kwiziko eligcina izilwanyana zasendle? Ngoba? (Ewe, akukho shushu kakhulu kwaye zininzi izilwanyana macala onke / jikelele.)
3. Ucinga ukuba kutheni kukho oongquphantsi? Ucinga ukuba kuhlala bani apho? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo – amakhaya abantu abasebenza kwiziko elo; indawo yokuhlala abakhenkethi)
4. Sikhona isilwanyana apho kubonakala esinye qha, sesiphi? Ucinga ukuba kutheni kunjalo nje? (Lihlosi; amahlosi ayathanda ukuba ngamalolo, ayakwazi ukuzihlalela nokuziphilela odwa.)
5. Zingaphi izilwanyana onokuzibiza? (ihagu yasendle; iingonyama; amaqwarha; iindlulamthi; amagala; iimpangele; i-impala; iimfene; iinyathi; iintaka)

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (ibe mine ubuncinane) aze aphenndule ngokuchanekileyo.

Iziphumo zesifundo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

- Ukuphulaphula baze balandele imiyalelo embaxa.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Iincwadi zokubhala zabafundi
- Iipensile eziloliweyo

I-oral

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qiniseka ukuba akunanto phambi kwabo.
3. Qinisekisa ukuba abafundi bahleli kakuhle kwaye bayabona phambili eklasini.
4. Qinisekisa ukuba abafundi baneepensile eziloliweyo.
5. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
6. Qinisekisa ukuba ezi ncwadi zivaliwe.
7. Xelela abafundi ukuba uzakubanika imiyalelo eliqela kwaye kuyakufuneka ukuba baphulaphule ngocoselelo kwimiyalelo leyo, baze balandele umyalelo ngamnye.
8. Baxebele ukuba abafanelekanga ukuba bathethe okanye bakucele ukuba uphinde imibuzo.
9. Emva kokuba ubanike umyalelo ngamnye, nika abafundi ithuba lokuqhuba lo myalelo. Kodwa ke, ungalindi ithuba elide kwaye ungabanyanzeli xa bengakwazi.

UMYALELO	ULWABIWO LWAMANQAKU
Vulani amaphepha acocekileyo ezincwadini zenu.	
Songa iphepha libesisiqingatha / ihafu.	½
Bhala umhla phezulu ephepheni ngakwisandla sasekhohlo.	1
Bhala igama lakho ngaphantsi komhla.	1
Iya kwicala lasekunene lomqolo.	½
Zoba umfanekiso wesilwanyana sasendle osithandayo.	1
Beka uphawu ecaleni kwesi silwanyana.	½
Iya ngakwisandla sasekhohlo kwiphepha lakho.	½
Zoba umfanekiso wesilwanyana sasendle ongasithandiyo.	1
Beka uphawu lomnqamlezo ecaleni kwesi silwanyana.	½
Krwela umgca ngerula ezantsi kwemifanekiso yakho.	½
Valani iincwadi zenu.	

10. Qokelela zonke iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Sebenzisa ulwabiwo lwamanqaku olungentla ukuze unike umfundi ngamnye inqaku (inqanaba) ukusuka ku 0 – 7.
2. Phawula/ rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngamaxhala onawo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 2.

1	2
---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **nqw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. inqwelo	6. iminqweno
2. unqweme	7. inqwaba
3. umnqwazi	8. inqaba
4. iminqwazi	9. uyonqena
5. umnqweno	10. nqanda

Dictation Sentence

Umnqweno kaNqaba kukukhwela inqanawa enxibe umnqwazi wakhe omtsha.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 67,68



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwele usapho

Page: 40

COMPREHENSION:

Questions

Ngubani ogulayo?

Baza kuhamba ngantoni ooBongi xa bendwendwela kuloDumi?

Baza kuhlala ixesha elingakanani ooBongi kuloDumi?

Yintoni ezakwenziwa ngunguBongi xa efi ka kuloDumi?

Izakuhamba nini itekisi yabo?

Answers

Ngumama kaDumi ogulayo.

Baza kuhamba ngetekisi.

Baza kuhlala iintsuku ezimbini.

Baza kudlala nabantwana emlanjeni, baza kuzama ukufumana iziqhamo emlanjeni.

Iza kuhamba ebusuku.

WEEK 11

11 WEEK

It does not matter how slow you go. As long as you do not stop.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ntw**

10 min

Phonic Words

umntwana abantwana intwazana intwana intwala



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ntw**

30 min

Handwriting Words

abantwana umntwana intambo intamo

Handwriting Pattern:

ed ed ed

Handwriting DBE Activities:

Abantwana badlala ngentambo ebaleni.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

iintsuku kukhanyisa emlanjeni iziqhamo



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ntw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE

Iphepha: 11



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufunda abakubhalileyo
- Ukusebenzisa ixesha elidlulileyo ngokuchanekileyo
- Ukusebenzisa izingxi, iimpawu zombuzo, iziphumlisi, nezikhuzo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Incwadi neepensile zabafundi

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala umhlathi wakho ebhodini. **UYACELWA UKUBA UBENEEMPAZAMO EZI 4-5 KWEZI ZIVAKALISI**
4. Bhala itshekhlisti elandelayo ebhodini:

ITSHEKHLISTI YOKUHLELA UMLINGANE

Igama:

Ingaba umlingane wam:

1. Uqale isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu?
2. Uqgibezele isivakalisi ngasinye ngesingxi, uphawu lombuzo okanye isikhuzo?
3. Ubhale kwixesha elidlulileyo?

Phendula le mibuzo ilandelayo:

Yintoni enye oyithandayo ngomhlathi?

Yintoni enye ocinga ukuba ingangcono?

Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi BAZAKUGQIBEZELA IMIHLATHI YABO.
2. Emva koko, BAZAKUHLELA ABALINGANE.
3. Khumbuza abafundi ukuba xa sihlela abalingane, sifunda imibhalo yabo sibancede ngeempazamo zabo.
4. Cela abafundi bakuncede ukhangele iimpazamo kumbhalo wakho.
5. Biza abafundi bachonge iimpazamo ebhodini.
6. Cela umfundi afakele isangqa xa efumana iimpazamo.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokugcwalisa ITSHEKHLISTI YABALINGANE.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi batyhile kwimibhalo yabo yangoLwesibini.
3. Nika abafundi IMIZUZU ELI 10 YOKUGQIBEZELA IMIHLATHI YABO.
4. Emva koko, yalela abafundi badibane bonke.
5. Yithi: Ngoku lixesha lenu LOKUHLELA imisebenzi YABALINGANE.
6. Yalela abafundi BATSHINTSHISANE NGEENCWADI zabo nabamelwane.
7. Yalela abafundi babhale iitshekhlisti zokuhlela abalingane kwincwadi yomlingane.
8. Cacisa kubafundi ukuba BAFUNDE IMIBHALO YABALINGANE BABO.
9. Cacisa ukuba xa abafundi begqibe kuqala ukubhala, kufuneka BAFUNDE IMIBHALO YABO ukuqinisekisa ukuba zonke iimpazamo zifumanekile.

Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba bonke abafundi batyhile kwiphepha elililo.
2. Xelela abafundi baqalise ukuhlela.
3. Hamba hamba eklasini WENZE UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
 - a. Nceda abafundi bagcwalise iitshekhlisti zokuhlela abalingane.
 - b. Cela abafundi bakubonise iimpazamo abazilungisileyo.
4. Khumbuza abafundi abagqibe kuqala BAFUNDE IMIBHALO YABO ukuqinisekisa ukuba iimpazamo zifunyenwe.
5. Khumbuza abafundi abagqibe kuqala bafakele iinkcukacha, kuba ABABHALI ABABHALA KAKUHLE BATHANDA UKUFAKELA IINKCUKACHA.

Irubhrikhi yale veki izakufumaneka ngoLWESINE.

Example

Ishephlizi Gokuhlela Umlingane
uMpho

1. Hayi. Ndimlungiselele leyo
umlingane wam.
2. Ewe.
3. Ndilungise igama elinye -
Nditshintsha u-pheba wangu - uphebe.

Imibuzo:

1. Ndilithanda lonke ibali kuba
ndithanda ibeyibi. Ndifuna ubulhaka
ibeyibi!
2. Ndifuna ubwazi ububa bangaphi na
abantu abayizileyo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4
15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1
Title: Sindwendele usapho
Page: 40



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ntw**

10 min

Phonic Words

entweni abantu umntu intambo intamo



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ntw**

15 min

Handwriting Words

intwana intwala entweni abantu

Handwriting Pattern:



Handwriting DBE Activities:

Abantu bathanda izinto ezintweni zabo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendele usapho

Page: 40



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ntw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala bazobe izivakalisi ezisibhozo ngesihloko ukuba negalelo kwincwadi yethala leencwadi zeklasi.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi ezinemibhalo yangoLwesine, iipensile neekhrayoni
- Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezulu kweedesika.
3. Izivakalisi zakho zesifundo sangoLwesibini, zibhalwe ebhodini, nezilungiso.
4. Le freyimu yokubhala ilandelayo, ibhalwe ebhodini:

Isihloko

Ngu (IGAMA LAKHO)

Umhlathi Wakho:

Isivakalisi esingundoqo / esiyintloko

Izivakalisi ezixhasayo (6)

Isi/zivakalisi eziqoshelisayo

UMFANEKISO WOMFUNISELO

Umfuziselo:

1. Khumbuza abafundi ukuba, kwiveki edlulileyo, sihlele imibhalo yethu.
2. Cacisa ukuba namhlanje, umfundi ngamnye uzakwenza ikhasi lencwadi yeklasini malunga nemifuniso yethu.
3. Cacisa ukuba xa sibhala incwadi, kufuneka SIPAPASHE umsebenzi wethu kuba abanye abantu bazakufunda.
4. Bonisa abafundi iphepha elihamba lodwa.
5. Bacacisele ukuba BAZAKUPAPASHA imibhalo yabo kwiphepha elihamba lodwa.
6. Namhlanje xa abafundi BEPAPASHA, bazakubhala kwakhona izivakalisi zabo ngaphandle kweempazamo.
7. Cacisa ukuba abafundi kufuneka benze umsebenzi wabo bafake namagama abo kuwo.
8. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela YOKUPAPASHA umsebenzi wabo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lixesha lenu LOKUPAPASHA umsebenzi wenu.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi batyhile imibhalo yabo yangoLwesibini NEETSHEKHLISTI ZOKUHLELA ABALINGANE.
4. Nika abafundi imizuzu emi 3 YOKUFUNDA imibhalo yabo netshekhlisti yokuhlela abalingane.
5. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA AHAMBA ODWA
6. Yalela abafundi baqalise UKUPAPASHA.
7. Khumbuza abafundi balungise iimpazamo zabo xa BEPAPASHA.
8. Khumbuza abafundi benze umfanekiso babhale igama labo nesihloko emaphepheni abo.

Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklasini WENZE UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
 - a. Nceda abafundi balungise iimpazamo zabo.
 - b. Yalela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
2. Yalela abafundi abagqibe kuqala bafakele iinkcukacha kuba ABABHALI ABABHALA KAKUHLE BAFAKELA IINKCUKACHA.
3. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.
4. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi namaphepha ahamba odwa. Yila incwadi yeklasini.
5. Yenza le ncwadi ngokuthi ugqobhoze imingxunya emaphepheni uthunge umtya weribhoni apho

emingxunyeni. Okanye, sebenzisa ifayile / flip file ufake onke amaphepha ahamba odwa.

6. Beka incwadi eklasini apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo Ukumaka umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo
Ukufakela isihloko	Umfundi akabhali sihloko ephepheni. 0	Umfundi ubhala isihloko ephepheni. 1	
Ukuhlela umbhalo womlingane	Umfundi akazifumani iimpazamo ezininzi. Umfundi ufuna uncedo ukugcwalisa itshekhlisti. 1	Umfundi ufumana iimpazamo ezithile kumbhalo womlingane wabo. Umfundi ugcwalisa itshekhlisti. 2	Umfundi ufumana iimpazamo ezininzi kumbhalo womlingane. Umfundi ugcwalisa itshekhlisti aze abhale uluvo oluluncedo kumlingane. 3
Ubhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane	Umfundi ubhala izivakalisi ezingaphantsi kwesixhenxe. 1	Umfundi ubhala izivakalisi ezisibhozo ubuncinane. 2	Umfundi ubhala izivakalisi ezilishumi ubuncinane. 3
Ukupapasha umsebenzi ongangekhasi lencwadi.	Umfundi akenzanga mifanekiso ephepheni lakhe. Umfundi wenze iimpazamo ezingaphezulu kwesibini ngoonobumba abakhulu, izingxi neziphumlisi. 1	Umfundi unemifanekiso ephepheni lakhe. Umfundi wenze iimpazamo enye okanye ezimbini ngoonobumba abakhulu, izingxi neziphumlisi. 2	Umfundi unemifanekiso neenkukacha ephepheni lakhe . Umfundi ulungise zonke iimpazamo zoonobumba abakhulu, izingxi neziphumlisi. 3

Example

Ngexesha endazama ngalo ukubhala ibeyibi
yetsokoletshi ngalo. Mna nodade wethu
sicinge ububa bugabuba mnandi ukubhala
ibeyibi. Besifuna ukumangalisa utata wethu.
Ngosuku lobugalela kukatata wethu
sihambele indlu kadadobawo. Sifunde
nesiphi. Sixube yonke into esityeni. Sifake
ibeyibi kwionti. Ibilixesha lethu lobugalela
lokubhala ibeyibi ngoko be besingayazi
ububa buza bekuba kwenzeka ntoni. Ka
bugqityiwe ukubhala ibeyibi imambitheke
kamnandi. Waze utata wethu wanosuku
lobugalela olumnandi bakhulu!

Bendonwabe bakhulu.

Utata wam wavuya bakhulu.





Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster vocabualry

IZIKO ELIGCINA

IZILWANYANA ZASENDLE

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

1. Umnga
2. Inkangeleko
3. Usomahlathi
4. Iqwarha
5. Ihlosi

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Abafundi bathatha inxaxheba kwiingoma, imibongo okanye imidlalo.

linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukucula iingoma, bacengceleze imibongo ze badlale nemidlalo.

Inkcazelo yesifundo:

1. Zama ukukhupha abafundi phandle okanye kwindawo evulekileyo nephangaleleyo ukulungiselela esi sifundo.
2. Khumbuza abafundi ezakulandelwa xa kudlalwa imidlalo naxa kuculwa iingoma:
 - a. Abafundi bafanele ukuthula baze baphulaphule xa uthetha.
 - b. Izandla zabo mazibe semacaleni okanye phezu kwemilenze / laps xa uthetha.
 - c. Mabakujonge xa uthetha.
 - d. Mabavale imilomo bathule xa uthetha.
3. Sebenzisa eli xesha nicule iingoma ezithandwa ngabafundi, bacengceleze imibongo abayithandayo, badlale imidlalo abayithandayo.
4. Xa abafundi bonwabe kakhulu okanye bengazolanga, sebenzisa into ezakubazolisa / 'attention-getter' ukuze bazole. Umzekelo:
 - a. Nye, mbini, amehlo ajonge wena. Nye, mbini, ntathu, amehlo ajonge kum. / 'One, two, eyes on you. One, two, three, eyes on me.'
 - b. Ukuba uyandiva, qhwaba kube kanye. Ukuba uyandiva, qhwaba kathathu, njalo njalo / 'If you can hear me, clap once. If you can hear me, clap three times.' Etc.

Qaphela: Akubhalwa manqaku kulo msebenzi, kodwa izimvo zingabhalwa njengohlolo olungekho sesikweni.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ntw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. umntwana	6. entweni
2. abantwana	7. abantu
3. intwazana	8. umntu
4. intwana	9. intambo
5. intwala	10. intamo

Dictation Sentence

Abantwana bafunda ngezifundo zempilo nangeentwala ezingalunganga esikolweni sabo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye
DBE
Amaphepha: 71, 72.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendele usapho

Page: 40

COMPREHENSION:

Questions

Uyaphi uBongi?

Ziintoni ozenza xa undwendwelwe ngabahlobo bakho?

Bangaphi abantu abakhwele iteksi?

Bhala isichasi seli gama: Uzakuvuya

Bhala kwixesha langoku: Baza kuhlala iintsuku ezimbini.

Answers

Uyokundwendela umama kaDumi ogulayo.

Ipendulo yomfundi ngamnye.

Bathathu.

Uzakukhathazeka.

Bahlala iintsuku ezimbini.